

IZIBHALO ZOKHOLO
ISIPROFETO SAKHO SEMIHLA NGEMIHLA

ISSUE

4

Okt – Nov – Dis

25



Iindaba Ezilungileyo

Mihla Yonke

ISIMAHLA

AYITHENGISWA


LE NCWADI YEZIBHALO
ZOKHOLO SELE IBHATALELWE
NGABAXHASI BETHU AYITHENGISWA.

Ngamanzi abandayo emphefumleni otyhafileyo Iindaba ezilungileyo, ezivela ezweni elikude. (Imizekeliso 25:25)

Uebert & BeBe
ANGEL

UEBERT noBEBE ANGEL

Ezi nkokeli zebandla, uMprofeti u-Uebert noMprofetikazi uBebe Angel, zivelele ehlabathini ngokuba ngamazwi aqaqambileyo ekuhambiseni lindaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo (Euangelion) kunye nokuphakamisa inkonzo yobuprofeti. Njengababhali ababalaseleyo abanempembelelo, liyabonakala igalelo labo kuncwadi lobuKrestu kwiincwadi zabo ezinjengezi zithi, Spiritual Warfare, Prayer Banks, Supernatural Power of The Believer, Grace Driven Life, kunye ne-The GoodNews Daily Devotional, le iyincwadi yezibhalo zokholo zamihla yonke.



Ngenxa yodumo ngombono wabo, isakhono sokusungula izinto ezinto ezintsha ezintle kunye nobunkokeli obuphume izandla, u-Uebert noBebe Angel bahlala befunwa ukuba babe zizithethi ezimkomfeni nasezingqungqutheleni. Njengoovulindlela ehlabathini kunye nabaseki beNkonzo iGoodNews Church (Spirit Embassy), bekwakubizo lobuProfeti, inkulu, inzulu impembelelo yabo kwizigidi zabantu ehlabathini jikelele, beqhutywa kukuzinikela kwabo okungagungqiyo ekuhambiseni isityhilelo seeNdaba ezilungileyo namandla aguqulayo obabalo lukaThixo (Euangelion)

MALUNGA NEENDABA EZILUNGILEYO MIHLA LE

Incwadana yezibhalo zokholo zamihla yonke, iGoodNews Daily, sisixhobo esixatyisiweyo kakhulu kwezobuKrestu nesibhalwe ngobuchule obubodwa ukuze sibonelele ngobutyebi ngokwasemoyeni suku ngalunye lonyaka. Ezi zibhalo zinika ingqiqo enzulu, izityhilelo ezinamandla kunye neziprofeto zemihla ngemihla ezijolise ekukhokeleni abafundi kubomi obugxile kuKrestu, obusekelwe bazinziswa kwiimfundiso eziguqulayo kunye nesityhilelo sikaMprofeti u-Uebert Angel. Ushicilelo olutsha lwale ncwadi yezibhalo zokholo luphuma rhoqo ngekota, lwahluka kunjalonje ngokuba ifikelela kwi-hlabathi jikelele, ifumaneka simahla ngeelwimi ezininzi ukuze kungabikho bani uthi akawuva umyalezo wayo ngenxa yokungaluqondi ulwimi ebhalwe ngalo, nomyalezo wayo onguguqulimpilo ufikeleleka kwi-hlabathi lonke.



Lwesithathu, Okthobha 1

IIDIPOZITHI ZAKWAMOYA

UMarko 1:35 (KJV)

Uthe kusasa, kusemnyama kakhulu, wavuka, waphuma waya endaweni eyintlango, wathandaza khona apho.

Indlela esebenza ngayo ibhanki inye, icacile, akukhuphi mali ubungakhange uyidipozithe kuqala.. Yakube ivuliwe iakhawunti, kufuneka kuman kungena into phambi kokuba kukhutshwe. Nantsi into ke phofu, umntu ongenayo kwa-akhawunti akakwazi kutsala.

Lo mthetho mnye ke usebenza naphaya emthandazweni ke. Xa sithandaza, senza idipozithi. UYesu wayechitha iiyure ngeeyure ekuseni ethandaza aze athi xa esesidlangalaleni athathe ngokuyalela iidimoni, izigulo nezifo ukuba ziphume. Wayekhupha ebhankini egcweleyo yomthandazo. Ngokwezibhalo ezingcwele, uvimba wakhe ofihlakeleyo wawuyindawo adipozitha kuyo kuyo, ze iministri yakhe yasesidlangalaleni kube kulapho wayerhola khona, esenza izinto ezibonakalyo.

Zinike ixesha uthandaze phambi kokuba uqale usuku lwakho, ukuze uthi xa udibana nelizwe, uthathe ngokutsala ebhankini yakho, bube buphokoka ubungqina bezinto ezintle, iithestimoni zakho, ngeGama leNkosi uYesu.

ISIPROPHETO

Ibhank yam yangokomoya izele iyaphuphuma. Ilizwe eli lindingqongileyo liza kwenza ngokwamandla emithandazo yam ngeGama likaYesu Krestu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseTesalonika 5:17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UObhadiya 1:10-21; UYona; UMika 1-3

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Okthobha 2

SUSA IZIPHAZAMISO

UYohane 18:37 (KJV)

...Mnza ndizalelwe oku, ndizele oku ehlabathini, ukuze ndiyingqinele inyaniso. Bonke abangabenyano bayaliva ilizwi lam.

Jonga phambili, ungaphambuki, ilapho impumelelo yakho. Xa ungenaziphazamiso kuloo nto ujonge kuyo, ngokuqinisekileyo uya kuzifezekisa iinjongo zakho. Zazi ukuba ukho ngani na apha. Akuzalelwanga ukuba ulungelelanise izinto (i-ikhosistim) koko uzalelwe ukunikaigalelo kwezaseBukumkanini bezulu, kusapho lwakho, emsebenzini, nangaphaya koko. Utshaba lubafumana kakhulu abangazikisanga ntweni, abangenasiseko someleleyo eLizwini.

UYesu uthi uzalelwe ukuba angqine ezenyaniso. Isizathu sobomi bakhe sasisinye, zazingekho ninzi. Namhlanje, khetha ukuba ujonge kwezona zinto zibalulekileyo. Emsebenzini, jonga kule ndawo inenzuzo. Qwalasela ubudlelane obubalulekileyo, ubulondoloze. Musa nakanye ukuvumela utshaba lukuphazamise, lukukhuphe endleleni yobizo lwakho. . Zigxotho ngemfundiso ephilileyo, ujonge phambili, ungagungqi. Ukuba uyalikholwa eli Lizwi, hamba nalo, uya kubuya uxakathe ubungqina.

ISIPROFETO

Mna ndazilela ukoyisa, ukuqethula nokuphumelela ngazo zonke iindlela. Soze ndiphazanyiswe lutshaba ngoba ndihleli kule ndlela kufuneka ndiyilande kakade egameni likaYesu elinamandla! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UMarko 11:23

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMika 4-7; UNahum 1-2

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Okthobha 3

CIMA INGXOLO

KwabaseKorinte I 14:10 (KJV)

Nokuba zingaba sezingakanani na ukuba zininzi kwazo iintlobo zeentetho ehlabathini, akukho nalunye kuzo olungenanto luthetha yona(lungenatsibiselo).

li-iyefowuni (earphones) ezivala ingxolo zisebenza ngokuchola amaza ezandi angafunekiyo ze zikhuphe esinye isandi (esichasa eso zisicholeyo) ukuze zisicime. Nalapha elizweni, kukho namazwi ngamazwi namagama ngamazama, ethi iBhayibhile xa ithetha, akukho nalunye kuwo lingenantsingiselo. Amanye ala magama akugqiba, akuphambukise endleleni. La magama eza ngomculo, ngeentshumayelo ezityhafisayo okanye ngeencoko ezingakhiyo.

Eyethu itheknoloji yokucima ingxolo liLizwi likaThixo. Ilizwe lakuthi, “Mkhahlele phantsi,” wena uthi, “Phezulu! Siyaphakanyiswa.” Musa ukunqatyelwa yimpendulo wakuva naliphi ilizwi elichasene nenyano kaThixo. Cima loo ngxolo. Zingakho zibe ninzi iintetho malunga nesimo sezoqoqosho, kodwa wena nosapho lwakho aniyonto kuloo nto. Aninaxheba apho. Umele iZulu wena - esakho isibonelelo sivela kwelinye ilizwe. Hallelujah!

ISIPROFETO

Akukho naliphi ilizwi elimdaka alisebeza ezindlebeni zam umtyholi liya kuphumelela. Ndizinzile eLizwini likaThixo yaye ndiza kubuya nobingqina obungenakuphikwa, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYobhi 22:29

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje : UNahum 3; UHabhakuki 1-3; UZefaniya 1:1-13

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Okthobha 4

IZIBALO ZASEBUNGWELENI

UTimoti II 2:15 (KJV)

Kukhuthalele ukuzimisa phambi koThixo ucikidekile, ungumsebenzi ongenazintloni, ulungisa ukulahlula ilizwi lenyaniso.

Zine iindlela zokubala: kukudibanisa, ukuthabatha, ukwahlulahlula nokuphindaphinda. Kwezi ndlela, kuxa usahlulahlula kuphela apho uqinisekayo ukuba uza kuba nezinto ezilinganyo. Yiloo nto iBhayibhile isebenzisa “ukwahlulahlula” nje xa isithi, “ulungisa ukulahlula ilizwi lenyaniso.” Zizibalo ezo, bazalwana noodade.

ILizwi likaThixo kufuneka ulahlulahlulele zonke iinkalo zobomi bakho. Impilo ifuneka ngolu hlobo ifuneka ngayo nemali. Ngoko ke, sukuqwalasela indawo enye ungazijongi ezinye ngoba zifuneka zonke. Yidla kakhulu apha ezibhalweni, kuyo yonke indawo echaphazela iinkalo zobomi bakho. Beka ixesha lokufunda phaya eBhayibhileni ngomba ngamnye okuchaphazelayo ebomini ukuze wondleke.

Ndiyalela yonke into ebomini bakho ukuba ichume, iphangalale ngeGama likaYesu!

ISIPROFETO

Makubekho ubomi ezimalini zam, empilweni ya, emfundweni, nakuyo yonke inkalo yobomi bak. Andisayi kuswela nto ilungileyo. Ndisekekelwe nguBawo ngaphaya kokuqonda, ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

EkaPetros II 1:3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UZefaniya. 1:14-3:20; UHagayi 1-2; UZekariya 1:1-11



Cawa, Okkthobha 5

ISIMO SOKUZIPHATHA vs UM-PHAKAMO

KwabaseKorinte I 15:31 (KJV)

Ndisekufeni imihla ngemihla; qondani ngokuzingca kwam ngani, endinako ndikuKristu Yesu, iNkosi yethu.

Isimo sakho sokuziphatha (attitude) sibonisa apho uya kuphelela khona. Ukuphakama komgangatho wobomi bakho buqanduselwa sisimo sengqondo nesokuziphatha kwakho. Isimo esinjalo singumhlaba olungele ukuzala ububi nobudlelane obungalunganga, ulunya nomsindo. Umpostile wathi inyama yakhe uyayingcwaba imihla ngemihla, oko kuthetha ukuba kuyindalo yomzimba ukunxaxha oku endleleni. Inyama ifuna ukuqondwa, iwine ezingxoxweni, ithatheka ke nalilize.

Njengokuba ulifunda eli lizwi lesirofeto namhlanje, nceda ngcwaba zonke iingcinga ezimbi ezisisiphumo sesimo esi sokuziphatha onaso, nali ithuba. Zixelele uthi uyayingcwaba le athityhudi imbi, utsho uyikhulule imke kuwe. Isimo esinje sikugqiba amandla, kodwa namhlanje, ngcwaba konke. Kukhona ukukhanya ngaphambili kambe ingqondo embi iya kuyimoshia yonke into akulungiselele yona uThixo. Wazalelwa ukuba ube nempumelelo. Yithi didli phantsi yonke imithwalo engeyiyo ngoku, ngeGama likaYesu.

ISIPROFETO

Akukho athityhudi imbi iza kundibela ulonwabo lwam, uxolo lwam nempumelelo yam. Ndiziqhawula ngoku zonke iikhontrakthithi zotshaba ebomini bam ngeGama likaYesu elinamandla! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 4:4

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundi sakho sanmhlanje: UZekariya 1:12-7:14

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Okthobha 6

AMAZWI APROFETAYO

KaPetros I 4:11 (KJV)

Ukuba umntu uyathetha, makathethe ngolwezihlabo zikaThixo, ukuze ezintweni zonke azukiswe uThixo ngoYesu Kristu, elulolwakhe uzuko namandla, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

Ulwimi olu lwakhe asilolokuva incasa yokutya kuphela. Sisixhobo sobuThixo sokubumba bomi obunqwenelayo. Ukufa nobomi, impumelelo nokusilela okanye ukufelisha, zisemandleni olwimi. Lusebenzise ngobulumko. Uya kudala obu bomi ubunqwenelayo.

Ebandleni lethu, uThixo wasinika ingubo yesiprofeto kodwa izibhalo zithi wonke uMKrestu ufanele ukuthetha njengomprofeti, umlomo kaThixo.

Namhlanje, yamkela le nyaniso: sukulindela omnye umntu. Thetha, uprofete phezu kobomi bakho. Abantu mabeve utshintsho kwinto ephuma emlonyeni wakho. Noba izinto azikhangeleki kakuhle, thetha kakuhle wena. Amagama athi “Andinayo nesenti” awekho kwesethu isigama okanye kweyethu idikshinari. Yithi zonke izinto ziyaphuphuma kuwe, akukho ntswelo, thetha uxolo nempumelelo. Thetha! Inene uya kuzifumana, uzitye iziqhamo zamazwi akho. Hallelujah!

ISIPROFETO

Ulwimi lwam lusiba lombhali okhawulezayo. Ukulunga nenceba koba sisabelo sam yonke imihla yobomi bam. Nantoni na endiyinqwenelayo ndiyayinikwa ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

lindumiso 45:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UZekariya 8-13

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Okthobha 7

NYUKA NJENGESAKHIWO ESIPHAKAMILEYO

UYohane 10:17 (KJV)

Ngenxa yoku uBawo uyandithanda; ngokuba mna ndibuncama ubomi bam ukuze ndibuye ndibuthabathe.

Njengomzali okanye njengenkokeli, kuyindalo ukuba ubathande abantwana bakho ngoba ngabakho, kodwa iimpawu ezithile, ukuthobela, ubukrelekrele okanye ukulandelelana kwabo ngokokuzalwa, umzekelo, ezo zinto zinokulwenza nzulu oloo thando. Apha, uYesu usinika isizathu esenza ukuba uBawo amthande. Mhlawumbi ubunokulindela ukuba athi kungenxa yokuba eshumayela okanye esenza imimangaliso, kodwa endaweni yoko uthi, “Ngenxa yokuba ndibuncama ubomi bam ukuze ndibuye ndibuthabathe.”

UTHixo uthanda abo bakwalayo ukuhlala phantsi. Kweli hlabathi lizele ziintshutshiso, impoxo noloyiko, phakama oku kwesakhiwo esiphakamileyo, esingagungqiyo, Yiba ngumzekelo wokomelela. Nokuba izinto ngathi zikongamele, akuboni mpumelelo, uyaphoxeka, uphelelwa lithemba, zixelele, “Nokuba zingandongamela, andihlali phantsi. Ndiyavuka kwakhona!”

Akukho meko iya kundihlalisa phantsi ukususela namhlanje.

ISIPROFETO

Ndiyala ukugutyungelwa ziimeko. Ndimi ndixhathisile. Ubomi bam bukhuselwe ngezinzima zeZulu, ngeGama likaYesu. Hallelujah!

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 4:20-21

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UZekariya 14; UMalaki 1-4

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Okthobha 8

IPHATHENI EYAHLUKILEYO

KwabaseRoma 12:2 (KJV)

Kanjalo ningamilisi okweli phakade; manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu...

Siphila kwihlabathi elithi xa wahlukile kulo, lisuke likuphephe, lihambele phayaa. Le nto ingumntu ke iyakuthanda ukukholisa omnye umntu kunokukholisa uThixo. Kodwa uThixo yena ngoku ukhulisa isizukulwana esingavumiyo ukuphila ngikwemilinganiselo yehlabathi, uddi olungakhathalelanga kukholisa hlabathi. IBhayibhile isikhumbuza ukuba asingabo abehlabathi, njengokuba noYesu wayengengowehlabathi.

Into xa isenziwa luninzi akuthethi ukuba iyinto elungileyo. Jonga uDanyeli, yena wakhetha indlela eyahlukileyo. Bathi abanye besidla kamnandi, yena wazahlula kuba wakhetha ukukholisa uThixo, akadla zidlo zifana nezabanye.

Thina sisizukulwana esilandela ipatheni eyahlukileyo. Asilandeli Ezeli hlabathi. Nkqu nendlela esicinga ngayo yahlukile kuba kaloku kwa-loo ngqondo yayikuKrestu, sikwanayo nathi ngoku.

ISIPROFETO

Andingowelihlabathi. Ndibekelwe bucala ndibekelwe injingo engcwele kaThixo. Ndilukhanyiso oluqaqambileyo nolukhanyayo phambi kwabantu ngenxa yozuko lukaBawo oseZulwini. Amen!

FUNDA UZANDISELE

UYohane 15:19

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 1-4

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Okthobha 9

NGUBANI LO UNAWWE?

KuTimoti II 4:11 (KJV)

NguLuka yedwa onam. Thabatha uMarko uze naye; kuba unokundinceda kakuhle kumsebenzi wokulungiselela.

Zintathu iindidi zabantu apha ebomini: abo beza ngesizathu, abeza kufunda nabeza ngexesha elithile lonkaya (season). Ndinamava ngazo zonke ezi ndidi. Abo beza ngesizathu nancedia ukuzalisekisa umbono wakho. Abeza ngamaxesha onyaka bathunyelwe nguThixo ukuba baze kukukhonza, bakuncede ngelo xesha lithile lonkaka. Kubakho ken abo baze kukunika isifundo. Ingasisifundo esilungileyo okanye esingalunganga, ngamanye amaxesha phantsi kweentlungu, kambe kufuneka ube nobulumko.

UMpostile uPawulos wathi uMarko uluncedo, ululutho kuye. Endaweni yokumphathela ubuhlungu okanye nomthwalo, izinto wayemenzela izinto lula. Namhlanje thandaza ukuba uThixo akuthumelele abancedi ngesizathu, kwaye unga ungahamba ngobulumko obugqibeleleyo, ukwazi okwahlula abaze ngobuhle okanye ngobubi, uze ke ubamkele. Amen.

ISIPROFETO

Ndiyalela abancedi bam bezulu ukuba beze macala onke. Ndincothula yonke imbewu engalunganga etyalwe macalana onke am, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKolose 3:17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 5-7

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Okthobha 10

IMALI E ENOMSEBENZI WAYO

Zekariya 1:17 (KJV)

Buya umemeze, uthi, Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Imizi yam isaya kuphalala okulungileyo; uYehova usaya kuiyithuthuzela iZiyon, ayinyule iYerusalem

IGospile ayihlawulelwa kodwa iindlela zokuyihambisa zona zineendleko. Ngobabalo lukaBawo, thina silibandla elichitha iibhiliyoni ngeebhiliyoni sisoncla abalambileyo, sithumela abantwana esikolweni, siprinta imathiriyeli yethu yokuvangela, sibanga iimvuselelo, zinto zonke ezo ezifuna imali. Le ncwadi yezifundo zokholo, ungade ube uyifumene simahla, kodwa ukhona umntu oya wabhatala ukuba iprintwe.

UBukumkani bukaThixo buyayifuna imali ukuze buqhubele phambili. Yiyo loo nto uThixo ingumnqweno kaThixo ukuba uphumelele ube nemali. Wathi, “Imizi yam isaya kuphalala okulungileyo.” Njengoko uzama ukuzakhela ubomi obunemali, uze ungaphazami wenzele ukuba uxhamle wedwa. Mayibe nemishini imali yakho. Kukho umntu ekufuneka etyile ngenxa yokuba uThixo ekusikelele gezimali. Kukho icawa ekufuneka yakhiwe ndaweni ithile ngenxa yeprosperithi yakho. Bamba natsi intsikelelo yemali namhlanje. Imali iyeza!

ISIPROFETO

Iyeza imali yam! Ndiqokelela imali ngeendlela ngeendlela ukuze kuzuze uBukumkani. Iingango zam zonke zivulekile, masingene isivuno, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 3:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje 8:1-10:15

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Okthobha 11

UMBONO

IziKronike I 26:18 (KJV)

Emaphandleni ngasentshonalanga babane ngasemendweni, bababini ngaphandle.

Umbono ngamandla aqhuba yonke impumelelo. Isibhalo sithi, “Apho kungekho mbono baba yimiqhathu abantu,” bayatshabala. Asikokufanje kwasenyameni oko, kkufa nokuphanza kwayo yonke into oyichukumisayo. Umbono uyakuqhuba, ukhokelela iinzame zakho kwinjongo oyichazileyo nakwiziphumo ozinqwenelayo.

Jonga esi sifundo singentla: abaninzi bacinga ukuba oonogada/abalindi babekwa emva kokuba sekuqalile ukwakhiwa kwetempile kodwa lo mprofeti wababona bemi emasangweni kudala, kungekaqaliswa. Usenokuba akunandlu ngoku, kodwa yiba nomfanekiso-ngqondweni usapho lwakho lukuloo ndlu inkulukazi, imenshini, ibhanki yakho iphalala, iministri yakho ihambela phambili. Inggondo enabileyo ukucinga, bubuchule bakho bokuziyilela izinto. Yibone ngamehlo omoya le nto uyingqwenelayo, inene uya kuzinandipha iziqhamo zemibono yakho

ISIPROFETO

Indebe yam iyaphalala. Nditya amasi nobusi, andishoti nganto, akophukanga nto. UThixo unam yaye andisayi kuswela naye into elungileyo. Amen.

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 29:18

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 10:16-12:21

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Okthobha 12

INKULULEKO ENKULU

UHoseya 4:6 (KJV)

Bayatshabalala abantu bam kukuswela ukwazi; kuba wena ukucekisile ukwazi, ndiya kukekisa...

Abantu abaninzi bacinga ukuba inkululeko, idilivarensi (deliverance), kokwaaa kuwa komntu, arole phantsi, ezaa zikhalo okanye okwaa kuhlanza. Yivani bantakwethu, eyona nkululeko/dilivarensi yokwenene kukuqubisana nokungazi apha kuwe. Ungarola urole phantsi ube kodwa ungekaziqondi izinto.

Umtyholi ubizwa ngokuba yinkosana yobumnyama. Xa usithi “Inkosana” uthetha ukuba ngowokuqala, xa usithi, “ubumnyama” uthetha ukungazi. Ukungazi kwaqala phaa kuye.

Musa ukuvuma ukuhlala ungazi. Zuza ukukhanya ngeLizwi likaThixo. ILizwi liza nokukhanya okubugxotha ubumnyama bubaleke, buguqule ingqondo yakho. Yakutshintsha indlela yakho yokucinga, inene uyifumene inkululeko. Ulwazi olufumana eLizwini lukunika eyona nkuuleko igqitha yonke enye into.

Yidla apha elizwini lenkosi, ubone indlela okuya kwesaba ngayo ukungazi nobumnyama. Izimali zakho, ubizo lwakho, impilo nayo yonke inkalo yobomi bakho iya kuchuma kwakufika ukukhanya okuza nelizwi.

ISIPROFETO

Ndiyala ukuhlala ndingazi. NgoKrestu, ndikhululwe, andiselokhoboka labumnyama. Laa ngqondo yayiKrestu ndinayo oku kwam; ulwazi nokuqonda okungaphakathi kuyaphokoka kum ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 119:130

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 12:22-14:12

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Okthobha 13

IZINTO EZINGAQHELEKANGA

EkaPetros I 1:10 (KJV)

Usindiso abathe baluzisa, baphengulula kunene ngalo abaprofeti, ababeprofeta ngalo ubabalo olwamiselwa nina...

Ngokuya ndandisemncinci, ndandisithi ndingu"Black Elijah" (uEliya Omnyama) xa ndizibisa. Ngelo xesha, ndandisacinga ukuba akekho amandla agqitha akaEliya de uThixo wamana endityhilela iinyaniso ezinzulu ngaso esi sifundo sanamhlanje. Nabaprofeti abanjengoEliya babenqwenela ukubona iimfihlelo ezingaqhelekanga zosindiso, ukutsho oko, babenqwena ukwazi ukuba usindiso olu neemfihlelo zalo zithini na kanye. Kambe abazange balinikwe ithuba lokufikelela kuzo. ngena kuzo. Kwakungaphaya kwengqiqo yabaprofeti bamandulo ukukholelwa ukuba kwakuya kuza kubekho uhlobo olutsha lwesidalwa, esingulowo wayeya kuhlala kuso uThixo.

NgokweTestamente endala, uMoya oyiNgcwele wayefika ixesha phezu kwabaprofeti ukuze baprofete. Kodwa ngoku usenze salikhaya lakhe elingunaphakade. Uhlala kum nakuwe. Oko kuthetha ukuba sibakhulu kunoEliya nolsaya. Ngesi sityhilelo, hamba uye koyisa ihlabathi ngamandla kaMoya oyiNgcwele. Amen.

ISIPROFETO

UKrestu ongaphakathi kum lithemba lozuko. Ndingumzi onamandla, yaye into yam yeyozuko lukaThixo ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 11:39-40

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 14:13-17:13

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Okthobha 14

IBANDLA ELOYISILEYO

KwabaseRoma 8:37 (KJV)

Kanti ke kwezo zinto zonke, isuka soyise sigqithisele, ngaye owasithandayo.

Zintathu iindide zamabandla okanye zamaKrestu: ngawoyisiweyo, ngalwayo kunye nawoyisileyo, Ibandla eloyisiweyo alikawaqondi amalungelo alo apheleleyo kuKrestu. Ibandla elilwayo lihleli nje ngathi lingumkhosi emazweni, lisoloko lisilwa needimoni. Kodwa ibandla eloyisileyo lona likwelinye inqanaba, alisalwi, lihleli encotsheni yentaba lijonge ezantsi

AmaKrestu awoyisileyo ke ngoko alufumene utshintsho olupheleleyo lweLizwi, ayiqondisisa kakuhle le nto wona. Awasajonganga kuhlangukwa madimonini; ndaweni yoko akhangela angabakhululayo. Ziinjengele zikaThixo ke ezi, bastrongo emthandazweni, iLizwi kukutya kwabo. Khula bo ken awe ube nguMKrestu owoyisileyo. nasekutyeni iLizwi.. Akulotyutyusi; uyinjengele kweyakho indawo.

ISIPROFETO

Mna ndizibonela phezulu izinto, encochoyini yentaba; andiphili ngokweemeko zobu bomi. Andoyiswanga yaye andijonganga dilivarensi, ndiliBandla eloyisileyo! Igunya lam kuKrestu liyasebenza yaye liyabonakala. Ndihamba ndiphethe ubukhosi, ndikhokela abanye ndibasa enkululekweni, ndinyanzelisa uloyiso nempumelelo kuyo yonke inkalo yobomi bam. Impumelelo neprosperithi yam, uxolo namdnala am akashukunyiswa nto ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 5:20

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 17:14-20:34

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Okthobhar 15

ECCLESIA

UMateyu 16:18 (KJV)

Nam ke, ndithi kuwe, UnguPetros wena; ndiya kulakhela phezu kolu lwalwa ibandla lam, namasangoelabafileyo akayi kuloyisa.

IBandla lelona linamandla emhlabeni. Abanye, ngokungazi, iBandla bathi bathi yicawa, indibano nje yamakholwa ayiminyewu akhala kuthixo othile. Singaphaya koko. Igama elithi “IBandla” lisuka kwelesiGrike elithi Ekklesia, elithetha indibano yabantu abenza izigqibo zoburhulumente. Ibandla lenza izigqibo ngendlela ezifanele ukuhamba ngayo izinto ezizweni.

Oku kuthetha ukuba ibandla lamaKrestu linawo amandla, isakhono negunya ekuhlaleni kwalo. Uyinxalenye yale bhodi yolawulo ikhoyo ke. Ukuya enkonzweni akuyonto yenziwa nje okwesiko; inkonzo yindawo ekulolwa kuyo ubomi yaye imithetho nemigaqo elawula ihlabathi ilungiswa khona. Ngoko ke, musa ukubhekela kude; zifake phakathi kwabathatha izigqibo nabaneempembelelo abakuKrestu. Gxotha abafanele ukugxothwa, umisele ekufuneka bemiselwe ezikhundleni. Unamagunya namandla okutyala nokuncothula leyo uyibona ifanelekile, ngeGama likaYesu!

ISIPROFETO

Nam ndikhona kwiEkklesia kaThixo, elona gunya lolawulo linamandla emhlabeni. Ngamandla oMoya kaThixo ndimisela ucwangco ezizweni. Andisayi koyiswa ngamasango esihogo ngeGama likaYesu Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 10:25

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 21-22

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Okthobha 16

UMPHATHISWA WEZOLONWABO

KwabaseFilipi 4:4 (KJV)

Vuyani eNkosini amaxesha onke; ndiyaphinda ndithi, Vuyani.

Uxanduva lokuba wonwabe ulinikwe nguThixo buqu, lolwakho, hayi omnye umntu. Umntu owonwabileyo akafane abe nodandatheko, abe nezifo okanye anxunguphale. Musa ke ukuze nakanye usole mntu ngokwenzekayo kuwe. Utshaba luza kukunika zonke izizathu zokuba mawufelishe oko, ngokukwenza uthande ukukhomba iminwe kwabanye. Ukulibhekisa kwabanye ityala licebo lotshaba lokukugcina ubambekile, umi ndawonye.

Isifundo sanamhlanje siyakuyalela ukuba uvuye eNkosini. UKrestu okuwe lithemba lozuko. Nokuba kwakwenzeke ntoni ngaphambili, sula iinyembezi, nyusa amagxa, ubheke phambili. Unemithombo yamanzi obomi ngaphakathi, yikhululele kuzo zonke iinkalo zobomi bakho. Yidla apha eLizwini, uya kububona ukukhanya kwakhe kukhanya kuyo yonke ikona emnyama.. Vuselelea amandla, uvuye, ngeGama likaYesu!

ISIPROFETO

Ubomi bam bukuselwe ngamandla avela phezulu. Andivumi ukuba buthathaka, ukuba ngumnyewu nokoyika. Akukho meko iza kuxhwila uvuyo lwam. Ulonwabo lwam luxhomekeke kum. Ndivula imithombo yamanzi obomi engaphakathi kum ukuba. Ndihlala ndivuya eNkosini! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UNehemiya 8:10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 23:1-25:13

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Okthobha 17

ULAWULO

ULuka 16:11 (KJV)

Ukuba ngoko anibanga nakuthembeka ebutyebini bokungalungi, ngubani na owonithemba kobo buyinyaniso?

Nayiphi into ongayiphethanga kakuhle, uThixo uya kuyixutha. Ukuba akuyiphathi kakuhle imali, uya kususwa kuyo. Wonke umntu ombonayo osisityebi ububungqina bendlela engcwele azilondoloza ngayo izinto ezinokwenza nemali. IBhayibhile ithi ukuba asikwazi kuyiphatha kakuhle imali, uThixo akayi kusithemba ngeziphopho zakhe zomoya nangeentsikelelo.

Yenza isigqibo esiqinisekileyo sokuba ubulawule kakuhle ubomi bakho. Ixesha lakho licwangcise, ulabe ngobulumko, ukususela kwelokuthandaza ukuya kwelomsebenzi. Musa ukubhidanisa ezokuqala nezokugqibela. Zimaneje kakuhle zonke izinti, uThixo uya kukunceda ukuba ube nezingaphezulu. Usawufunda ke lo myalezo wanamhlanje, ubabalo lokusebenza iministri yakho, usapho lwakho kunye nezimali luyafika phezu kwakho.

ISIPROFETO

Ubabalo lukaYehova luphezu kwam yaye undinike iintsikelelo ezibonakalayo nangokwasemoyeni. Zonke izinto endiphathiswe zona, ixesha, imali, iministri kunye nobuhlobo endinabo ndiziphethe ngobuchule nangocikizeko. Ndiligosa elithembekileyo lezinto zikaThixo yaye kuthulelelwa okuninzi ezandleni zam ngeGama likaYesu. Amen!

FUNDA UZANDISELE

lindumiso 90:12

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 25:14-26:68

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Okthobha 18

NDIMELE UTHIXO

KwabaseKorinte II 4:7 (KJV)

Ke kaloku obu butyebe sibuphethe ngezitya zodongwe, ukuze incamisa yamandla ibe yekaThixo, ingaphumi kuthi.

Enye yezona mpazamo zinkulu kukukholelwa ekubeni akubalulekanga emehlweni kaThixo. Xa ekujongile uYehova, ubona isiqu sakhe. Umpostile uPawulos uyasityhilela ukuba siphethe ubutyebi kule mizimba yethu yaseniyameni. Umzimba lo wakho ungumzi onobutyebi obungcwele, uThixo ngokwakhe! UnguThixo undercover!

Ukususela namhlanje, qalisa ukuthetha nokuphila njengomntu othwele uThixo. Akufani nabanye, akumntu nje uqhelekileyo. Wena, impumelelo yakho iqinisekile. Xa uthetha, thetha ngegunya usazi ukuba ungumlomo kaThixo yaye unguvimba wobomi namandla.

ISIPROFETO

Ndimele uThixo, ndinguThixo oandakhava, amandla akhe ahlala apha kum! lindlela zam nezicwangciso zam ikwazezikaThixo. Ndithwele ubutyebi bezulu yaye yonke into endiyiphathayo namhlanje isikelelekile. Ndithetha ngegunya laMazulu, ndifezekisa ubungqina bokugqibelela kukaThixo kwinto yonke endiyenzayo, ngeGama likaYesu elinamandla! Amen.

FUNDA UZANDISELE

lindumiso 82:6

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMateyu 26:69-28:20

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Okthobha, 19

INZALA KATHIXO

KaPetros I 1:23 (KJV)...nizelwe nje ngokutsha, kungengokwasembewini enokonakala, kungokwasembewini engenakonakala, ngelizwi likaThixo eliphilileyo, elihleliyo ngonaphakade.

Ndikholisa ukubaxelela abantu ukuba ukuba usoloko uyijonge kakhulu imvelaphi yakho, uya kuphela ulele ngomqolo apha phantsi. Uninzi luthanda ukube luzilanda imvelaphi okanye ukuba iziqalekiso zefemeli zaqala phi, nini. Wakuza kuYesu Krestu, uba sisidalwa esitsha, esiphuma kwimbewu engenakonakala, ekhuselekileyo kwiintshwabulo neziqalekiso zonke.

Bamba iintambo zolawulo lobomi bakho, usebenzise iLizwi. Le nyaniso mayihlale engqondweni yakho: ngoku uphakathi kwenkonzo ezukileyo yabo babiziweyo. Akusayi kubakho ntlupheko, ntsilelo nasifo kuwe, ngeGama likaYesu elinamandla!

ISIPROFETO

Ndinyuliwe nguThixo, ndahlulwa kwabanye, ndenziwa ngcwele. Ndizalwa yimbewu engonakaliyo, ndikhuseleke kuzo zonke iziqalekiso, izithintelo nemiqobo. Andiphili ngokweesistimu zeli hlabathi, kungasekho ntlupheko, kufelisha nazifo zinanto yakwenza nam. Ndihamba kuloyiso lukaThixo, impumelelo yam iqinisekisiwe, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaPetros 2:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMarko 1-3

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Okthobha 20

SAZI KUQALA

KaPetros I 1:12 (KJV)

Abatyhilelwayo ukuba abazilungiseleli bona ngokwabo;

UTHixo usinike iwonga lokuba ngabona banenxaxheba kubuprofeti. Ngobabalo kwakhe, siye saprofeta izinto ezininzi, ezamazwe ngamazwe nezingqale emntwini; zonke zenzekile. Vidiyo navidiyo esiyikhuphayo uyeva xa kusithiwa: “More up to date than tomorrow’s newspaper, powered by the Holy Spirit.” Sukube kusithiwa thina singooqalazive sidlula nephephandaba langomso Ngoba kutheni? Ngoba iziprofeto ezichaneke ngoku zenzeka kuphela ngamandla oMoya kaThixo.

Isifundo sanamhlanje sityhila ukuba xa kukho inyaniso yangoku, makube ikho eyexesha langaphambili kunye neyexesha elizayo. Kulusizi ukuba amaKrestu amaninzi asaphila kwinyaniso yangaphambili. Awazi ukuba ukuphiliswa kunye neentsikelelo zomoya banazo ngoku ngokuba bekuKrestu.

Wakuhlala ubuhlakulela ubudlelane noMoya oyiNgcwele, ukunika ezangoku, ezichanekileyo kwaye uhlala usazi ngezichazela izimali zakho, iministri yakho, ibhizinesi yakho, nazo zonke ezinye iinkalo. Beka ixesha ukuze uxhamle eLizwini nasemthandazweni mihla yonke, nawe uya kuba nguqalazive, ugqithe nephephandaba leendaba zangomso.

ISIPROFETO

Ikamva lam liqinisekile kuba ndihamba ngokomnqweno kaThixo. Andinasabelo kwizinto ezifelishayo. Ndiza kuhlala ndiyazi into emandiyenze, ndiyenze nini, ndiyenze njani, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 37:23

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo skaho sanamhlanje: UMarko 4-5

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Okthobha 21

IQELA ELIHAMBA PHAMBILI

UMarko 1:35 (KJV)

Uthe kusasa, kusemnyama kakhulu, wavuka, waphuma waya endaweni eyintlango, wathandaza khona apho.

Phambi kokuba umongameli welizwe okanye umntu ohloniphekileyo ahambele indawo, kubakho iqela elikhutshwa ukuba liye kuhlola indawo leyo, liqinisekise ukuba yonke into ilungile. Eli qela lihlale ukuba akukho zingozi zinokubakho na. Ngokufanayo ke nathi, kuhambo lwethu lokholo, sinalo iqela elisihambela phambili, umthandazo. Umthandazo yiprothokholo yakwamoya ehamba phambi kwethu ukuze isilungiselele, ikhusele indlela yethu, ilungise nayiphi ingxaki.

UYesu wayevuka ekuseni aye kuthandaza, leyo iyiprothokholi ayithumela phambili ukuba iqubisane neengxaki nezifo engekafiki yena. Umthandazo wawumbeka kwindawo yoloyiso lungekaqali usuku. Zinike ixesha uthandaze ngoku. Thumela imikhosi yomoya ngaphambili iye kulungisa usuku lwakho, iqinisekise ukuba uyawina, ngeGama likaYesu.

ISIPROFETO

Ndithumela imithandazo ngaphambili ebomini bam; indlela yam ilungeleneni, ikhuselekile yaye ubomi bam buhamba ngocwangco. Inyathelo ngalinye endilithathayo selilungiselelwe impumelelo. Ndityala abaza kundinceda ngaphambili ngokweendawo abafuneka kuzo yaye akukho miqobo inokmelana namandla eprothokholi yam. Inene obam ubungqina sebuqinisekisiwe, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

IEksodus 23:23

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMarko 6-7

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Okthobha 22

UBUNGANGAMSHA BELIZWI LIKATHIXO

Iindumiso 138:2 (KJV)

Ndiya kuqubuda ndibhekise etempileni yakho engcwele, Ndibulele kwigama lakho, ngenxa yenceba yakho, nangenxa yenyano yakho; Kuba ulikhulisile ilizwi lakho ngaphezu kwigama lakho lonke.

Inye kuphela into uThixo asinike yona ukuba simjije ngayo kwiisistimu zakhe: iLizwi lakhe. UThixo “asimqhathi” ngokwawethu amandla koko kungokba wenza yena ukuba kube njalo, ngeli Lizwi lakhe. IGama lakhe lingaphezulu nje kunawo onke amagama eZulwini naseMhlabeni, unanto wayibekayo ngaezulu nangakumbi, iGama lakhe.

UThixo usebenza phakathi kwemida yeLizwi lakhe, akenzi nanye engaphaya kwayo. Iindumiso 138:2 zithi iLizwi lakhe elibhaliweyo uliphakamise langaphezu nakulo igama abizwa ngalo. NGoko, ukuba uya eLizwini, ufikelela kumandla okulawula iisistimu zakwamoya. Thanda eLizwini kakhe, uya kubona iimthetho yezakwamoya inyanzela uThixo ukuba akwenze akuthethileyo eLizwini kakhe.

Yithi nca ezibhalweni, eziliLizwi lakhe, uya kubuya uxkathe ubungqina.

ISIPROFETO

ILizwi likaThixo liphakamile, likwanele yaye linamandla indalo yalo. Ndikhetha ukuya kwiLizwi, ndiyazi ndiza kubuya nethestimoni.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 4:12

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMarko 8:1-10:12

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Okthobha 23

IXILONGO LOKUGQIBELA

KwabaseKorinte I 15:52 (KJV)

Ngesiquphe, ngephanyazo, ngexilongo lokugqibela. Kuba liya kulila ixilongo, bavuke abafileyo bengenakonakala, senziwe ngakumbi ke thina.

IBhayibhile xa ikhankanya “ixilongo lokugqibela,” ithetha ukuba ebekhona amanye ngaphambili. Eli lokugqibela liza kukhala xa uYesu esiza, ngerapture, futhi ndiyathandaza ukuba ube kwinqwelo yuqala ukunyuka. Kodwa ke, xa kukho ixilongo lokugqibela, umbuzo wam uthi, besiwave nini lawa okuqala?

Bazalwana noodade, maninzi amaxilongo akhalayo sihleli nje, nangoku likhona, yaye ngamanye amaxesha siyawalibala singawaqapheli okanye singawakhathaleli. ILizwi esilishumayelayo ngokuza kukaYesu eze kuthatha abakhe, lixilongo elo. Xa umhlobo wakho ekucela ukuba uthandaze okanye umyeni/inkosikazi ikuyala isithi zikhwebule kwizinto ezithile, ngawo, ikwangamaxilongo lawo. Wanike ingqalelo onke amaxilongo akhalayo, uya kuphumelela ebomini de ibe ifikile iNkosi ukuza kuxhwila abayo ibabizela ekhaya.

ISIPROFETO

Umoya uhleli uthwe qwa, uyaphila; akukho sandi sibalulekileyo ndiza kusiphosa ndingasivi. Ndiibheka phezulu, andiyi nakanye ezantsi, ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UAmos 6:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMarko 10:13-12:12

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Okthobha 24

UMOYA ONJENGOWOMNTWANA

ULuka 18:16 (KJV)

Ke yena uYesu wazibizela kuye, wathi, Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli' kuba ubukumkani bukaThixo bubobabo banjalo.

Wakha waqaphela indlela ayikholelwa ngayo into omxelela yona umntwana omncinci? Ukuba uthi ezivenikelni yaye uza kuphathela ieropleyini yamanyani, uya kuhlala apho elinde loo eropleyini, inene. Kwalizwe lomntwana awekho amathandabuzo; lonke igama ulithatha ngenyaniso

Ubukumkani bukaThixo asingobomntu ongumbolo-mbini. Bobabo banokholo olufana nolomntwana, abo bakholelwa ngokupheleleyo kwinto ayithethayo uThixo, abangagungqiswa nto. Imicimbi yomoya ayifuni ngqiqo yakho, ube ucinga udibanisa le nale; ayenzi ngqondo, ayivakali, ifuna ukholo lodwa. Susa intandabuzo neengcinga ezigwenxa namhlanje, ukholo lwakho luya kuba neziphumo ngeGama likaYesu.

ISIPROFETO

Intliziyo yam seyilungile nomoya wam uredi, ulindele ukuthululwa kwentsikelelo kaThixo phezu kwam. Ndinokholo lomntwana, andinamathandabuzo. Ndihamba ndigcwele ithemba lokuba kuza kwenzeka yaye ndiza kuphila ubomi obungenantswelo, obuphuphumayo, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaYohane I 5:14-15

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMarko 12:13-14:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Okthobha 25

ISITHEMBISO SIKATHIXO ESIGQIBELE-LEYO

Kwabase-Efese 1:23 (NLT)

Lona lingumzimba wakhe, ukuzala ke oko kozizalisayo izinto zonke ngako konke.

Abantu abaninzi basaphila ngenyaniso yeTestamente Endala. Bakulaa mo yokuyalela izithembiso zikaThixo ukuba maziphuhle, zifezeke ebomini babo. Kodwa xa sesithetha kakuhle, sikhona isithembiso awasinika sona uThixo? Ndiqinisekile zininzi izinto onokuzibala ukholelwa ekubeni zizithembiso zikaThixo. Inyaniso kukuba singamaKrestu eTestamente Entsha nje thina, asinasithembiso simbi ingenguye uYesu Krestu ngokwakhe.

KuKrestu sizizuza zonke iintsikelelo nezithembiso esizifunayo. Uyinzaliseko yobuThixo bonke buphelele, enazo zonke iintsikelelo zasemhlabeni nezasezulwini. Xa unoKrestu, unento yonke! Ngoku ke luxanduva kwakho ukuba ubonakalise ubungqina bentsikelelo akunike yona uThixo ngoKrestu.

Ngomthandazo, ukufunda iLizwi kunye nokulandela imithetho yakhe, buza kubonakala bonke ubungqina bentsikelelo yonke nezithembiso zonke zikaKrestu ebomini bam.

ISIPROFETO

UKrestu ongaphakathi kum lithemba lozuko. Kuye, sonke isithembiso siyazalisekiswa yaye intsikelelo nganye iphelele. Andinakuze ndiswele nto ilungileyo ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKolose 1:27

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundi sakho sanamhlanje: UMarko 14:12-15:47

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Oktobha 26

UBUTYEBI OBUNGENAKULINGANISWA

Kwabase-Efese 3:8 (KJV)

Mna lo, unyena umncinanana kubo bonke abangcwele, ndababalwa ngolo ubabalo, lokuba ndishumayele phakathi kweentlanga iindaba ezilungileyo obungalandekiyo bukaKristu;

Izizwe zehlabathi zilwa yonke imihla le ngamalungelo ezimbiwa. Xesha nexesha lonyaka kubhaqwa ezitsha. Kodwa kunjalo, yintwana leyo kwiintsikelelo zikaThixo phezu koMhlaba. IBhayibhile ithetha ngobutyebi bukaKrestu esingankubulanda, obungenakulandwa kuKrestu, obungenasiphelo, intabalala yona. Olu ke lolu hlobo lugubungela yonke into ephathelene nawe, nditsho yona impilo, izimali, nangaphezulu.

Xa wamkela uYesu, akubi yinto nje ethathwa njengenye yezenziwayo ngokwakwamoya. Yinguqu ephelileyo, usiya kubomi obunozinto, nditsho apho kungumdliva nje, nobunoxolo. Ndithetha ndimisela phezu kwakho ukubanantoni na oyingqwenelayo engqinelana neLizwi likaThixo uyayifumana ngeGama likaYesu.

ISIPROFETO

Ndisela kumanzi emithombo yosindiso yaye yonke into yam “icandelwe ezindaweni ezimnandi,” yonke endiyisweleyo nendiyinqwenelayo ndiyirhola kubutyebi bukaKrestu obungenakulinganiswa ngoba akunakubulanda mvelaphi. Zonke izithembiso zikaThixo kum ngu'Ewe' no'Amen'!

FUNDA UZANDISELE

KaPetros II 1:3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UMarko 16; ULuka 1

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Okthobha 27

NGAPHAYA KOKUBA NGUMNTU

KwabaseKorinte II 5:17 (KJV)

Ngoko ke, ukuba ubani ukuKristu, usisidalwa esitsha; izinto ezindala zidlule; bonani ke, zisuke zaba ntsha izinto zonke zakhe.

Umntu lo uhlala ejongene neengxaki, iintlekele nokufelisha kwezinto. Elinye lamaqhinga otshaba kukukukhumbuza ukuba ungumntu njee kakade, uzelwe yinyama negazi. Uthi ke je ukuba uyamkele loo nto ube uzinikezela kwinkosi yeli hlabathi, ukoyisakala kube yinto eza kuhamba nawe.

Isifundo sanamhlanje kodwa sithi usisidalwa esitsha kuKrestu, esingaphaya komntu. Igama lesiGrike lithi kainós, lithetha into entsha, engazange yakho ngaphambili. Mhlawumbi izolo oku uye wenza isono okanye kwiiyure nje ezimbalwa ezidlulileyo, kambe mayizinze le nyanio kuwe: uwena omdala akasekho. Wenziwe mtsa.

Ziqokelele, uzithembe, wonwabe uxhamle yonke intsikelelo akuphe yona uThixo!

ISIPROFETO

Ndisisidalwa esitsha kuYesu Krestu! Ezangaphambili nobubi bazo zicinyiwe nguMoya oyiNgcwele. Andisathintelwa bubuthathaka bokuba ndingumntu ngokwasenyameni okanye ukusilela. Ndingoweziphezulu iindawo (higher realm)!

FUNDA UZANDISELE

Izililo 3:22-23

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 2-3

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Okthobha 28

UMTHOMBO WEMPENDULO YAKHO

IEksodus 14:15 (KJV)

Wathi uYehova kuMoses, Yini na ukuba ukhale kum? Thetha koonyana bakaSirayeli, banduluke.

Abantwana bakaSirayeli babajongene nengxakikazi enkulu. Nkqu noMprofeti uMoses wayefuna impendulo kodwa uThixo wamqhawula wathi: “Into ebangela ukuba ube undikhalela yintoni?”

UThixo wakubeka kwacaca: akukho sizathu sakuba ukhale apha kum; buya umva uye kulungisa ingxaki le ikhoyo. Impendulo ikuwe, mzalwana. Into eyinyaniso kuMoses, ikwayiyo nakuwe: asiloxesha lukakhalela iimpendulo kuThixo eli. Lixesha lokuba usebenzise ilungelo lakho lobuthixo wenze utshintsho ebomini bakho. Esona sisombululo silapha kuwe, yaye uThixo ukunikile amandla okuyitshintsha ngokwakho imeko yakho. Vula umlomo, thetha ubize ubomi, wakugqiba umatshe ubheke phambili!

ISIPROFETO

Umlomo wam lusiba lombhali okhawulezayo. Apha kum ndithwele izisombululo. Ndithetha iimpendulo kuyo yonke into edibaniselene nam nefemeli yam ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

ULuka 10:19

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 4:1-6:26



Lwesithathu, Okthobha 29

YAHLUKA KWABANYE

IziKronike I 4:9-10 (KJV)

Ke kaloku uYabhetse ebezukile kunabazalwana bakhe. Unina wamthiya igama lokuba nguYabhetse, esithi, Ndimzele ngokubulaleka.

Ihlabathi eli linendlela eliyichaza ngayo le nto sithi “sisiqhelo”, engumgangatho elichaza ngawo indlela izinto ezinokuthi zenzeke ngayo okanye ezifanele ukuba yiyo. Xa kusenzeka into enqabileyo, emangalisayo, ibhalwa kwincwadi enkulu ekithiwa yiGuinness Book of Records. Umnombo kaYabhetse (uJabhez) wawulandela izinto “ngokwesiqhelo” isizukulwanga emva kwesinye. Akukho nto zazahluka ngayo ezi zizukulwana, de kwakho kwazalwa uYabhetse. Yena wakulandula ukwenza ngokwesiqhelo. Wacela ukuba ukwandiselwa ummandla. Ngenxa yoku, iBhayibhile ithi wayezukile kunabazalwana bakhe.

Ihlabathi linenkcazelo yalo “yesiqhelo”, umgangatho abachaza ngawo indlela izinto ezinokuthi zenzeke ngayo okanye ezinokuthi zenzeke. Xa kwenzeka into engaqhelekanga, ibhalwe kwiGuinness Book of Records. Ndiyakukhuthaza namhlanje ukuba wahlukane nesiqhelo, wahluke. Ungaba uzalwe kunye nozalana nabo, kodwa qonda ukuba elakho Ikamva lahlukile. Enjengeyakho ilimpumelelo iza kuba yeyokuqala efemelini yakho. UThixo uyakunyothula kule njikelezane benikade niyiphila ngeGama likaYesu!

ISIPROFETO

Andingomntu nje! Ndiza kuphila ndenze ngaphezu kokuba ihlabathi lilindele. Ngamandla kaMoya oyiNgcwele, ndiqhawula yonke imida emiswe ngamadimoni ebomini bam ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UDaniyeli 1:20

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundi sakho sanamhlanje: ULuka 6:27-8:25

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Okthobha 30

IAJENDA YASEBUKUMKANINI

IziKronike II 1:10 (NIV)

Ndinike kaloku ubulumko nokwazi, ndiphume ndingene phambi kwaba bangtu; ngokuba ngubani na onokubalawula aba bantu bakho bangaka?

Abantu abaninzi bayaphoswa ziintsikelelo zikaThixo ngenxa yeenjongo zabo kwizicelo zabo, UThixo ubonelela ngemali nokhuselo, nenkxaso ngokweajenda yakhe. Xa ucela imoto entsha okanye indlu enkulu, sukube injongo yakho iyintoni? Kukubonisa iitshomi okanye ukudlisela ekuhlaleni?

USolomon wacela ubulumko, hayi ukunconywa njengomntu osisilumko ngexesha lokuphila kwakhe. Wacela ukukwazi ukukhokela abantu bakaThixo ngendlela elungileyo. Wayenenjongo enyulu nesizathu sakhe sisesaseBukumkanini. Yiyo loo nto wamnikayo, watsho wamongezela nangaphezulu uThixo.

UThixo ukhangela iintliziyo ezithembisa ukububeka phambili uBukumkani bakhe. Xa injongo yakho ihambelana nenjongo yakhe, ufumana ubabalo lwezulu. Asibobungakanani besicelo sakho, koko kukuba ithini eyona njongo yakho. Ukususela namhlanje, qinisekisa ukuba sonke isicelo osenzayo kuThixo singqinelana necebo lakhe yaseBukumkanini. Uya kukunika.

ISIPROFETO

Ndinombizane wemali, imali enemishini. Isizathu sokuphila kwam kukukhonza uThixo ngako konke endinako ngaphakathi, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 69:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 8:26-10:16

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Okthobha 31

IMINI YOMVUZO

KumaGalati 6:9 (NIV)

Ke ekwenzeni okulungileyo masingethi amandla; kuba sovuna ngexesha elililo, ukuba sityhafi.

Ukukhonza uThixo kunomvuzo oqinisekisiweyo. Inkonzo ayikokushumayela epulpitini nje kuphela. Ukunikela, ukucula ekwayarini kunye nantoni na eyenye eyenziwa ngothando kukhonzwa uThixo, ayisoze ibe lilize. ILizwi likaThixo lisixelela ukuba masingatyhafi, sidinwe kukwenza okulungileyo ngoba umvuzo uza kubakho. Oko kuthetha ukuba kuyenzeka ukuba umntu adinwe. Abanye banikezela msinya kakhulu, bengazi ukuba umvuzo wabo ubusele ukwiiyure ezimbalwa ezizayo. Musa ukuba ngomnye wabo.

Thatha isigqibo sokukhonza uThixo ngokupheleleyo. Qiniseka ngomvuzo wakho, ngoku nakubomi obuzayo. Musa ukuvuma ukutyhafiswa ziingxaki, ngoba usuku lokuvuzwa kwakho luyeza. Ndiyathandaza, ndiprofeta kanjalo ukuba umvuzo wakho ufikile, ukho ngoku, ngeGama likaYesu.

ISIPROFETO

INTliziyo yam izimisele kule ndlela ndiyihambayo; uThixo ndiza kumkhonza ngentliziyo yam yonke uThixo. Lilo eli ixesha lam lokuzuza kwam owam umvuzo, ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 2:6

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 10:17-12:12



Mgqibelo, Novemba 1

UBABALO LUKATHIXO SISIPHO, ALUYOMBUYEKEZO

Kwabase-Efese 3:7 (KJV)

...endaba ngumlungiseleli wazo ngokwesipho sobabalo lukaThixo, endababalwa ngaso ngokokusebenza kwamandla akhe.

Ubabalo yinkoliseko kaThixo esingayisebenzelanga, engasifanelanga. Kwabase-Efese 2:8–9 kuthiwa sisindiswe ngalo ubabalo, hayi ngemisebenzi yethu kodwa ngenxa yoko kwenziwe nguKrestu. Ubabalo lusikhumbuza ukuba uthando lukaThixo alusekelwanga emisebenzini yethu. Lufikelela kuthi singagqibelelanga sinjalo, lusifunqulele kwinjongo kaThixo. Ubabalo lukaThixo lusixolela ngeempazamo zethu, lusixhobisele eli xesha sikulo, luqinisekise ikamva lethu.

Alungomvuzo kuthi ubabalo; siyalwamkela nje qha. Xa silwamkela ubabalo lukaThixo, sikhululwa ehlazweni, sinikwe amandla okuphila ngobulungisa. Alusiniki mvume okanye layisensi yakwenza sono koko sisixhobo sokoyisa isono eso. Usuku ngalunye lithuba elitsha lokuhamba elubabalweni. Yamkela uvuyele ububele bukaThixo; olo luthando lwakhe.

ISIPROFETO

Ndiyalwamkela ubabalo lukaThixo, izibele zakhe azinabisele kum ngemisebenzi egqityiweyo kaKrestu. Lundigqume ndonke ubabalo lukaThixo. Nantoni na endiyenzayo ndiyaphumelela kuyo. Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 3:5

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 12:13-14:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Novemba 2

UTHIXO UYAYIVUZA INTEMBEKO

Kwabase-Efese 6:10 (KJV)

Elokugqibela, bazalwana bam, ndithi, Yomelelani eNkosini, nasekuqigeni kokomelela kwayo.

Intembeko asiyonto ayilibalayo uThixo. KumaHebhere 6:10) siqinisekiswa ukuba uThixo unobulungisa; akasoze ayilibale imisebenzi yakho nothando ombonise lona. Naxa abanye bengayiboni imigudu yakho, uThixo uyakubona ukunyaniseka kwakho.

Ukuthembeka kuthetha ukuhlala uzinikele kwintando kaThixo, naxa kunzima. Xa uthembekile noxa uphantsi kweemvavanyo nemicelimngeni yobomi uzisa ukuphakama kukaThixo okutsho kukubeke ngaphezulu kwabanye. Ukuthembeka akusoloko kubukhazikhazi koko kukuthi xa kuyimfuneko uvele, ungazifihli, uzinze, uthobela naxa kungekho mntu ukuqhwabela izandla. EBukumkanini bukaThixo ezi mppawu zikhokelela kunyuselo lwaphakade..

Incwadi yamaGalati 6:9 isikhuthaza ithi, “Ke ekwenzeni okulungileyo masingethi amandla, kuba sovuna ngexesha elililo, ukuba asityhafi.” Imbuyekezo yakho ayifiki ngaloo mzumzu kodwa iyeza yona ngokuqinisekileyo. Amazulu abukele. Hlala apha endleleni. Themba ixesha likaThixo. Ukubulaleka kwakho eNkosini akusayi kuba lilize.

ISIPROFETO

Ndizimisele ukuhlala endleleni. Ndiza kuxunela phambili ndinyamezele de kwenzeke into. Andizukudinwa, andizukuncama. Ndingumeyisi ongaphezu komeyisi ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 2:7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 14:12-16:31

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Novemba 3

NDAKHIWE NGOKOMFANEKISO KATHIXO UKUZE NDILAWULE

UYobhi 33:4 (KJV)

Kaloku nam ndidalwe nguMoya kaThixo, ukuphefumla kukaSomandla kundidlise ubomi.

Kwasekuqalekeni, uThixo umntu wamdalela injongo, wamnika amandla. IGenesis 1:26 ithi wathi uThixo, “Masenze umntu ngokomfanekiselo wethu ngokufana nathi. Mababe nobukhosi...” Ukwenziwa ngokomfanekiselo kaThixo kumiselwe nguThixo ukuba mawulawule.

Umfanekiselo kaThixo ubonakalisa indlela yokuziphatha, isimilo, ubulumko, ubuchule bakhe, igunya nobulungisa bakhe. Akasidalanga ukuba sibe ngamaxhoba. Usidale ukuba sibe ngaboyisayo. Eyona njongo kaThixo ngomntu yayikukulawula yaye loo njongo isamile, ayitshintshanga. Ngoko ke yiba ligosa elithembekileyo nelineempembelelo ezicokisekileyo, ezikwagqwesileyo.

Ukuwa komntu akuzange kuwucime umfanekiselo kaThixo; kwawugqwetha nje. Kodwa ngoKrestu siyabuyiselwa yaye nobukhosi, ulawulo lwethu buhlawulelwe (KwabaseRoma 5:17). Akudalelwanga ukuba uphile ngoloyiko, ukufelisha okanye ukuba nezinto nje ezididikiki. Wenziwa ukuba uphakame, wakhe, ukhokele, ubumbe ubomi bakho ngendlela ofuna ngayo. Hamba ngobuthixo. Thetha ngegunya. Yenza izigqibo usazi ukuba uxhaswe liZulu. UMoya kaThixo ongaphakathi apha kuwe ulubuyisela kuwe ulawulo.

ISIPROFETO

Ndenziwe ngokomfanekiselo weKumkani. Ndiphila ngokwasebukumkani; ndilawula ngobulumko, ndihamba ngenjongo yaye ndineempembelelo ezilungileyo ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 104:30

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 17:1-19:27

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Novemba 4

UTHIXO ULUTHANDO, UMZEKELO WETHU OMHLE

UYohane 15:13 (KJV)

Akukho namnye unalo uthando olungaphezu kolu, lokuba ubomi bakhe abuncamele izihlobo zakhe.

Yiqonde into yokuba uThixo akalubonisi nje uthando. Ululo lona ngokwalo. Kwincwadi kaYohane I 4:8 kuthiwa, “Lowo ungenaluthando akazanga amazi uThixo, ngokuba uThixo uluthando.” Ubume bakhe, le nto ayiyo uThixo, ingumlinganiselo wothando lokwenene, hayi iimvakalelo zomntu okanye ububele obudlulayo. Emnqamlezweni uThixo wabonakalisa esona senzo sikhulu sothando: noxa sasisengaboni, uKrestu wasifela (KwabaseRoma 5:8).

Uthando lobuthixo lusiphakamisa sesithiyiwe. Intiyo iyahlula; uthando luyamanyanisa. Intiyo iyatshabalalisa; uthando luyabuyisela. Uthando lukaThixo luyayoyisa neyona ntliziyo imnyama, lupholise amanxeba anzulu. Xa sihamba eluthandweni, sibonakalisa Yena. Kwincwadi kaYohane I 4:20 sikhunjuzwa ukuba asikwazi kuthi siyamthanda uThixo kodwa sibathiyile abanye. Kaloku uthando bubungqina bokholo.

Njengokuba unyaka usondela ekupheleni nje, vumela uthando lukaThixo luphume lusasazeke ngawe, nokuba kunzima.

ISIPROFETO

Uthando lukaThixo endinalo lomelele ngaphezu kwayo nayiphi na intiyo endivelelayo. Ndimiliselwe kuthando lukaThixo yaye ndoyisa konke ngalo lonke ixesha, ngeGama likaYesu elinamandla. Mayibongwe iNkosi. Amen.

FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 53:10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 19:28-21:9

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Novemba 5

UDALELWE INJONGO YASEBUTHIXWENI

KwabaseFilipi 2:13 2:13 (KJV)

Kuba nguThixo okusebenza ngaphakathi kwenu ukuthanda oko, kwanokusebenza oko, ngenxa yenkolelo yakhe.

Akuzanga ngangozi; usisidalwa sikaThixo awasidala ngenjongo. Ubomi bakho wabubumba ngokwakhe, wakufaka iminqweno; ungumkhokeli wakho kwiindlela zakho, wakuzinzisa phantsi kweemeko ngeemeko.

Injongo kaThixo ayifihlwanga; kambe uthi ukuze uyifumane uhambe naye, ufuna intando yakhe ngomthandazo, ngokufunda nokuthobela iLizwi lakhe. Injongo kaThixo ngoMoses yavela entlango, ekaEstere yavela ebhotwe, ukanti ekaDavide yayivela xa esemadabini. UThixo uyayityhila injongo yakhe, akukhathaliseki nokuba uphi na. Akudingi kuyiqweba ngokwakho; zinikele kuye uyifumane.

Wadalelwa kuKrestu ukuze wenze imisebenzi elungileyo awayilungisayo kwangaphambili uThixo ukuba uyenze. (Kwabase-Efese 2:10). Injongo yakhe ngobomi bakhe inkulu ngaphezu kwayo nayiphi into, nokuba ungade ube ufelise kangakanani okanye azide zenzeke izinto. Ukhulula zonke izinto ebesele ziphambukile enze ukuba konke kulunge. Yibambe ke le nyaniso kulo nyaka wokuqhawuka kwezibophelelo, The Year of the Chain Breaker!

ISIPROFETO

Mna ndadalelwa injongo; ubomi bam buyinxalenye yenjongo kaThixo enobungcwele bukaThixo yaye uza kuyigqiba into ayiqalileyo kum kulo Nyaka woqhawuko lwamatsheyina, ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:28

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 21:10-22:46

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Novemba 6

IZIBINGELELO NJENGEENDAWO ZOKUHLANGANA NEZULU

USamuweli I 7:12 (KJV)

USamuweli wathabatha ilitye, walimisa Phakathi kweMizpa neShen, wathi igama lalo yiEbenezere; wathi kude kwaba lapha UYEHOVA esinceda.

Izibingelelo zomoya ziindawo ezingcwele zokuhlanguka kweZulu noMhlaba, umntu anxibelelane noThixo. Ezibhalweni, izibingelelo (altars) zaziphawula amaxesha angcwele omnqophiso nokuhanjelwa nguThixo. Zingade zibe zizinto esizibona ngamehlo, kodwa zona zizinto zakwamoya. Namhlanje izibingelelo sizakha ngokuthandaza, ngokunqula iNkosi, ngokuzila ukudla nokunikela konke kuye, simema bukho bukaThixo obusebenzayo phakathi kwethu.

Izibingelelo zizikhumbuzo zezithembiso nobukho bukaThixo. Ngokuzimisela emakhayeni ethu, ezintliziyweni nakwizinto nje esizenzayo, sidala indawo yokuba uThixo ahlale asikhokele. Zisisikhumbuzo, zihlaziya ukholo lwethu nokomelela kwethu ngokomoya. Isibingelelo sakho masibe yikona yakho yokuthandaza, ixesha lokunqula kunye nokuzinikela imihla ngemihla, uze wena ubukele amandla kaThixo ebonakala ebomini bakho, emtshatweni nakwizimali zakho.

ISIPROFETO

Kulo nyaka kuqhawuka imixokelelwane, esam isibingelelo siza kundithethelela. Ndiyazi ukuba uThixo wam uza kundiphilisa andivuselele esibingelelweni ngamandla, ngenjongo nangoxolo. Mayibongwe iNkosi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYoshuwa 4:7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 22:47-24:23

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Novemba 7

UKHOLO LUYAMKHOLISA UTHIXO

IGenesis 15:6 (KJV)

(UAbraham) wakholwa kuYEHOVA; oko wakubalela ebulungiseni kuye.

Ukholo sisiseko sobudlelane noThixo. Incwadi yamaHebhere 11:6) ithi, “Ke lungekho ukhoho, akunakubakho ukumkholisa kakuhle uThixo.” Ukhoho lungaphaya kokuholelwa, kukuthembelela, ukuxhomekeka nokuzinikela ngokupheleleyo kwintando yakhe. UThixo akashukunyiswa ziimvakalelo okanye amawonga, uhambiselana nokhoho. Xa simthemba ngokupheleleyo uThixo, naxa singaqinisekanga, siyayivuyisa intliziyo yakho. Ukhoho luyamzukisa uThixo ngoba luyamvuma ukuba uThixo onjani. Luthi, “Somandla, ndikholose ngawe, ndithembe wena wedwa noxa ndingekasiboni nje isiphelo.”

Ukhoho luvula iingcango zemimangaliso (miracles). UYesu wayedla ngokuthi, “Ukhoho lwakho lukuphilisile.” Wayengafuni mntu ugqibeleleyo, wayejonge nje ukhoho. Ukhoho aluyomfama; lusekelwe phezu kokuthembeka kukaThixo okungqinekayo. Khumbula oko akwenzileyo, ukuvumele oko ukuba kukhulise intembelo yakho koko kuzayo. Mhlawumbi uhlwayela imbewu, thandazela ukuphiliswa okanye ukunyuselwa, ukuba oko ukuthandazele ngokhoho, yazi ukuba ukuba ukhoho luyamzukisa uThixo noThixo uyaluzukisa ukhoho.

ISIPROFETO

Ndithetha iLizwi likaThixo ndikholelwa kwizithembiso zakhe, ndilithembile ixesha lakhe. Ndiphilela ukumkholisa; ngoko ke ndiphila ngokhoho.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 4:3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: ULuka 24:24-53; UYohane 1:1-2:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Novemba 8

YEHOVAH RAPHA

Iindumiso 103:3 (NKJV)

Uloxoela bonke ubugwenxa bakho; ulophilisa zonke izifo zakho;

Elinye lawona magama kaThixo athuthuzelayo leli lithi, Yehova Rapha (Rafa), “UYehova ongumphilisi.” Ukuphilisa asiyonto ayenzayo nje kuphela uThixo, koko bubuyena, ubuqu bakhe. Ukuphilisa kukaThixo kudlulela ngaphaya kokwenyama; uphilisa abantliziyo zaphukileyo (Iindumiso 147:3), ubuyisela uxolo lwengqondo (Ulsaya 26:3), ubopha amanxeba angokomoya ngokuxolela. Ungulophilisa iintlanga. Ukuphilisa kwakhe kulula, kuphelele yaye kukho uphilisa umoya, umphefumlo nengqondo, kwa-nomzimba.

Umnqamlezo kaYesu nguwona mqondiso (simboli) yokuphilisa. Ulsaya 53:5 uthi, “Siphilise ngemivumbo yakhe.” UYesu wathwala izifo neentlungu zethu ukuze siphile ngokugqibeleleyo. Impiliso isenokuba ngoko nangoko okanye ithi chu kuhle, iyinto eqhubekakayo, kodwa kuhlala kuqhutywa luthando novelwano. Ngamanye amaxesha ingaphakathi ayibonwa mntu, kambe isengamandla akhe nalawo.

Xa simvala lo nyaka woqhawulo lwamatyathanga, The year of the Chain Breaker, themba uYehova Rapha, uYehova umphilisi. Thetha iLizwi lakhe phezu kwempilo yakho, ume elukholweni, ngoba ukuphiliswa kwakho kukhokelwa lukholo lwakho.

ISIPROFETO

Ndihamba ngempilo yobuthixo; amandla aphilisayo kaYehova Rapha atyhutyha yonke imithambo yomzimba wam, ngoku nangalo lonke ixesha. Ukugula nezifo zikude kum ngeGama likaYesu. Amen!

FUNDA UZANDISELE

IGenesis 15:26

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYohane 2:12-4:38

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Novemba 9

UKUNIKELA KUBONISA INTLIZIYO KATHIXO

UHagayi 2:8 (KJV)

Isilivere yeyam; igolide yeyam; utsho uYehova wekhosi.

Ukupha kubonisa ubunjani bukaThixo. Izibhalo zithi, “Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama (wanikela) ...” (UYohane 3:16). Undoqo kubudlelani bukaThixo nathi yintliziyo yakhe enobubele. Xa sinikela, nokuba kungexesha lethu, italente okanye ingeinto esinazo, sibonakalisa ubunjalo bakhe, size ngolo hlobo sibe siqhubela phambilli kumsebenzi wakhe wothando nokuhlawulelwa kwethu.

Ukumkani uDavide wahle wayibona le nyaniso. Mve xa esithi, “... Ngokuba zivela kuwe zonke izinto; sikunika okuvele esandleni sakho.” (Izikronike I 29:14). Ifika itshintshe yonke indlela ebesicinga ngayo ke ngoku le ndawo, ikusuka kubunini ikuse esihlalweni sobugosa.

Ukupha kulungelelanisa iintliziyo zethu nezo zinto ziphambili kuThixo, kukhulisa ukuxhomekeka kwethu kuThixo, kutyhile apho ukuzinikela kwethu kukhoyo kanye kanye (UMateyu 6:21). Ukunikela ezinkonzweni, kwiimishini zenkonzo okanye kwabasweleyo, kuchaphazela ubom babanye, uluntu kunye nezizwe. Icawa iyachuma kukuthembeka kwabo bapha bechwayitile kwinjongo kaThixo ngokunyaniseka. Ukupha ngesisa makube bubomi bakho.

ISIPROFETO

Ukunikela kwam bubungqina obubonakalayo bokholo lwam kuThixo. Ukupha kwam kuzukisa uThixo, kuyabasikelela abanye yaye kuyandiguqula ngaphakathi! UBukumani bundazi ngokunikela! Mayibongwe iNkosi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 24:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYohane 4:39-6:51

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Novemba 10

AMANDLA OMTHANDAZO OZINGISILEYO

KwabaseRoma 12:12 (KJV)

...mayela nethemba, Vuyani; mayela nembandezelo, nyamezelani; mayela nomthandazo, zingisani;

Ndihlala ndisithi “umtyholi” ayilogama likaSathana kodwa yonkcazo yomsebenzi wakhe. Ligama elithetha lowo ubetha aphindelele de agqobhoze. Kukuzingisa oko. Ngokufanayo, ukuthandaza ngokuzingisileyo kubonisa ukholo olungahexi kwizithembiso zikaThixo. UYesu Krestu usenzela umzekeliso ngomhlokokazi ozingisayo kuba efuna ukusikhuthaza ukuba sihlale sithandaza, singanikezeli (ULuka 18:1).

Umthandazo ozingisileyo akuthethi kuphindaphinda; kuthetha ukubethelela ithemba lakho kuThixo. Uyakuva ukukhala kwakho kodwa ukuzingisa kwakho uhlala ekusebenzisela ukusulungekisa isimilo sakho, akwenze nzulu ukuthembela kwakho kuye.

Sizingisile emthandazweni, somelewa izihlunu zethu zomoya. Amehlo ajonga agxinise kwizinto zanaphakade, umthandazo ube malunga nobudlelane noBawo kunokuba sijonge nje ukuzuza iimpendulo.

UPawulos uthi, “Thandazani ningayeki” (KwabaseTsalonika I 5:17). Olu zingiso lomthandazo luyasomeleza, luqinisa ubuhlobo, lusincede sikwazi ukulichana ixesha lakhe. Umthandazo ozingisileyo mawube bubungqina bakho.

ISIPROFETO

Soze ndiyenze impazamo yokucinga ukuba ukuthula kukaThixo kuthetha ukuba akekho. Ndiza kuhlala ndithandaza. Umthandazo wam ndiwulungelelanisa nentando yakhe. Uza kundenzela ummangaliso (miracle) kulo nyaka uyiChain Breaker. Mayibongwe iNkosi! Haleluya.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKolose 4:2

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo akho sanamhlanje: UYohane 6:52-8:20

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Novemba 11

KUNGXAMISEKILE UKUZUZA IMIPHEFUMLO

KwabaseKorinte II 6:2 (ESV)

...Yabonani, lingoku ixesha elamkelele kakuhle; yabonani, ungoku umhla wosindiso:

Ukuzuza imiphefumlo yinto ayithanda kakhulu uThixo, kukubetha kwentliziyo yakhe. UYesu weza kukhangela nokusindisa abalahlekileyo (ULuka19:10), yaye sibizelwe ukuqhubela phambili elo phulo. Umzuzu ngamnye uyabala; umphefumlo ngamnye ubalulekile. KuYohane 9:4, uYesu uthi, “Ndimelwe kukuyisebenza imisebenzi yowandithumayo, kusesemini;” Asimazi ukuba umntu usalelwe lixesha elingakanani na okanye asazi ukuba alingegqithi lisishiye na ixesha lokumxelela ngoYesu. Ixesha lifutshane, amathuba akazi kuhlala ekho unaphakade, ngoko yenza ngoku!

Ukusondeza imiphefumlo kuKrestu aiyonto yabashumayeli. UMKrestu ngamnye lingqina (Izenzo1:8). Nokuba kusemsebenzini, ekhaya okanye ekoneni yesitrato, umyalezo weeNdaba Ezilungileyo uwuphethe apha kuwe. Ngaloo mzuzu uhlangana ngawo nomntu kusenokuthi kanti lelona xesha lokudibana kwakhe noYesu. Le nto ayikho malunga nakuba nazimpendulo zonke; imalunga nokubalisela umntu ngakwenzileyo uYesu. Wakuvula umlomo ukholwa, uMoya oyiNgcwele uwakhapha ngamandla amazwi akho. Ngoko ke, thetha nje wena ngoYesu!

ISIPROFETO

Andisazi kuphinda ndilibazise ngoba ndiyazi ukuba ngokuthobela kwam kuyavuywa emazulwini. Namhlanje, ndenza isigqibo sokuyenza imishini yam ephambili into yokuza nemiphefumlo kuKrestu ngegama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 55:6

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sako sanamhlanje 8:21-10:18

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Novemba 12

SONDELELANA NOTHIXO, UMVE

KwabaseKolose 3:10 (KJV)

Nambatha lowo umtsha, uhlaziyelwa ekwazini okuhle, ngokomfanekiselo walowo wamdalayo;

Amava apheleleyo noThixo aqala ngokusondelelana, hayi nje ukwazi ngaye, kodwa ukumazi buqu. Incwadi kaYakobi 4:8 ithi, “Sondelani kuye uThixo, wosondela kuni.” UThixo ufuna ubudlelane nobuhlobo nathi, akafuni nto zenziwa ngokwesiko, Wahle wayiqonda le nto uDavide. Wayengalangazeleli ziintsikelelo nje kuphela kodwa wayekwalangazelela ubudlelane naLowo wangumfanekiselo wakhe.

Kubudlelane obusenjongweni noThixo, sifumana uthando, uxolo kunye nokukhokelwa nguye. Siyamva xa esisebezela, sifunde intliziyo yakhe, sinyathele kunye noMoya wakhe. Ayibekelwanga bathile ke le nto, yeyakhe nabani omfunayo. UYesu wayedla ngokuzikhwebula, akhe emke yedwa aye kuthandaza, ngaloo ndlela ebonisa indlela onamandla ngayo umthandazo wangasese (ULuka 5:16). Okuye busiba nzulu ubudlelane bakho noThixo, kuba kokukhona usomelela ekuzazini nakwinjongo yobomi bakho.

UThixo ongumMdali wako konke ulangazelela ukuhamba nawe yonke imihla. Sondela kuye ubuve ubukho bakhe ebomini bakho, kusapho lwakho nakubudlelane bakho nabanye jikelele.

ISIPROFETO

Ndiza kunqula uThixo osondeleyo kum. Ndiya kuhlala ndihleli kubudlelane obunzulu noBawo. Umthandazo, ukunqula ndidumisa kunye nokucamngca iLizwi rhoqo, zizinto zokuqala kum ezo, ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 4:22-24

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYohane 10:19-12:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Novemba 13

ILIZWI LIKATHIXO ALITSHINTSHI YAYE LITHEMBEKILE

Ulsaya 40:8 (NIV)

Buyoma utyani, iyabuna intyatyambo; ke lona ilizwi likaThixo wethu liya kuma ngonaphakade.

Kweli hlabathi lezinto eziguquguqukayo nezingazinzanga, iLizwi likaThixo lona lihleli, aliguquki. Ukuthembela eLizwini lakhe kuthetha ukubophelela ubomi bakho kwisiseko sanaphakade esingasoze siphele okanye sifelishe.

Bakungaqondakali ubomi, izithembiso zikaThixo ziyasiqinisekisa zona. Incwadi yeNumbri 23: 19 ithi, “UTHixo akamntu ukuba athethe amanga... Etshilo nje yena, akayi kwenza na? Ethethile nje, akayi kufeza na?” Lonke ilizwi eliphuma kuThixo linyulu, liyinyaniso, lithembekile.

IBhayibhile asincwadi yambali nje; iyaphila yaye iyasebenza (KumaHebhere 4:12). Xa siyifunda, sicamngca ngayo, siyomelezwa elukholweni lwethu, iingqondo zethu ziyahlaziyeka neentliziyo zethu ziyathuthuzeleka. Ukuthembela kwiLizwi likaYehova kuvisisanisa izenzo zethu nenyanyiso yakhe. Kuza noxolo phakathi kwesiphithiphithi, kubeke izinto ngokucacileyo sakubhideka. Xa sihamba ngemiyalelo yakhe, sikubona, sikuxhamle ngokwethu nqo ukuthembeka kwakhe.

ISIPROFETO

Nokuba lunjani na uqhwithela endijamelene nalo, iLizwi likaThixo liligwiba lam, indawo yam ekhuselekileyo endiqinisekileyo ngayo. Ndibakhele kulo ubomi bam, ndiyalikholelwa; nditsho ngalo, ndithi asoze ndishukunyiswe nto, egameni likaYesu. Amen!

FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 55:11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYohane 12:12-14:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Novemba 14

UNQULO LUBONISA UTHANDO

Iindumiso 150:6 (KJV)

Yonke into ephefumlayo mayimdumise uYehova. Haleluya!

Ukumnqula yimpendulo yentliziyo yakho kubukhulu nokulunga kwakhe. Unqulo lokwenene luphuma kwintliziyo eyonganyelwe kukumqonda ukuba ungubani na kanye uThixo. Asiyongoma nje okanye isiko langeCawa koko luthando nentlonipho omnika yona. Yindlela yokuphila! Makube yinyaniso oku kuwe nakusapho lwakho.

Ukunqula uThixo kusondeza kuye naye asondele kuthi. Kobo buhlobo bungcwele ke sifumana amandla, uxolo novuyo. Ukunqula uThixo kususa amehlo ethu ezingxakini esinazo sitsho siqwalasele kubungangamsha boMboneleli wethu. Kukwamema ubukho bukaThixo sitsho sibe ngathi simbambe ngezandla. Simnqula, simakhela itrone yokuba uThixo alawule kwinkalo nganye yobomi bethu.

Yonke into oyenzayo kulo nyaka, uyi-Year of the Chain Breaker, mayibe sisenzo sokunqula uThixo. Uyifanele loo nto, kungabi ngeCawa kuphela, koko yonke imihla yobomi bakho!

ISIPROFETO

Ndiya kumnqula owam uKumkani. Nokuba kungengoma, ngokusebenza enkonzweni, ngokunikela okanye ngomthandazo, ukumnqula kwam ngumnikelo wam ongcwele oshukumisa iZulu. Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 34:1; Ulsaya 43:21

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYohane 14:12-17:13

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Novemba 15

UYESU UYABUYA NGOKUQINISEKILEYO

Isityhilelo 22:12 (NIV)

Yabona, ndiyeza kamsinya; umvuzo wam unam, ukuba ndivuze njengoko elowo umsebenzi wakhe uya kuba njalo.

Ndithethile amaxesha amaninzi nge-rapture, ixesha aza kuza kuthatha abakhe ngalo uKrestu, elisisithembiso esiqinisekisiweyo. Izenzo 1:11 ziyibeka zithi, “Kwayena lo Yesu unyusiweyo kuni, wasiwa emazulwini, uya kuza ngolu hlobo nimbone esiya ngalo emazulwini”. Ukubuya kwakhe asiyiyo nento ebuzwayo, asingo-ukuba ngaba, ngu-nini, qha. UYesu wabaqinisekisa abafundi bakhe wathi, “...ndiza kuza kuniphuthuma, nize nani nibe lapho ndikhoyo mna.” (UYohane 14:3). Esi sisithembiso esisiphathela intuthuzelo koku bomi buzele ziziphithiphithi. Kwabathembekileyo, abakholwayo, akumele koyikwe ukubuya kukaYesu ngoba lithemba lethu elisikelelekileyo. Ukuza kwakhe kuza nomvuzo, imbuyekezo nobulungisa. Bonke ububi buya kohlwayelwa, abo baye bamthemba balawule ngozuko. De kube ngoko, simele ukuhlala siphaphile yaye sithembekile. UMateyu 24:44 uyasikhumbuza ukuba masihlale silungile.

UKumkani uyabuya. Ngamana angakufumana uthembekile ekubonakaleni kwakhe.

ISIPROFETO

Yonke imihla yobomi bam ndiza kuyiphila ngengqondo ebona izinto zanaphakade. Ukwenza kwam konke - iingcinga nezenzo zam ziza kubonakalisa ukuba redi kwam, ngoba ndiyazi ukuba uYesu Krestu uyabuya kwakhona! Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 2:6

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYohane 17:14-19:42

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Novemba 16

UKHOLO LUPHUPHUMA XA KUKHO UBUDLELANE

KwabaseTsalonika 5:11 (KJV)

Ngoko ke, njengoko senenjenjalo kakade, khuthazanani, nakhane omnye nomnye.

Ukuya ecaweni akuyonto omawuyithathe nje isiqhelo; luqeqesho lokomoya olomeleza ukhoho lwethu. KwabaseRoma 10:17) kuthiwa, “Ngoko ke ukhoho luvuswa ngokuvakaliswa kodaba; ke lona udaba luvakalisa uKrestu.” Indibano nganye izisa imfundiso entsha eyakhayo neyomeleza ukhoho lwethu kuKrestu. Icawa yindawo athetha, aphilisa nasixhobisa kuyo uThixo. Isikhumbuza ukuba asisedwa. Incwadi yamaHebhere 10:25 ithi, “Kananjalo masikuxabise ukudibana namanye amakholwa... Ewe, masikhuthazane ngakumbi nangakumbi, kuba nani niyabona kuba imini leyo iyasondela.”

Ukuliva rhoqo iLizwi likaThixo kusincipa ekubeni sime somelele ngamaxesha anzima. Imiyalezo esiyivayo, ubungqina esibubonayo kunye nemithandazo yebandla iyasomeleza ngokwasemoyeni nasemphefumleni. Ukuya ecaweni kusizinzisa enyanisweni, kusikhumbuza ngezithembiso zikaThixo yaye kukhuthaza ukuba masikhule ebulungiseni. Ukhoho aluphumeleli ngokunokwalo; luyachuma xa lubandakanya nabanye.

Lubize ulubhengeze uthando lwakho lobukho bukaThixo kunye nokuzinikela ekukhuleni ngokomoya. Yiya enkonzweni.

ISIPROFETO

Ukuya enkonzweni kum asiyyo nento exoxisayo. Ndiya enkonzweni ndithembile yaye ndilungele ukuva amandla kaThixo, ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 3:13

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundosakho sanamhlanje: UYohane 20-21; Izenzo 1:1-2:13

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Novemba 17

IMIQONDISO YOKUNIKELA IDINI

KaPetros I 2:5 (KJV)

Yizani kaloku nani nibe ngamatye okwakha indlu kaMoya, khon' ukuze nibe ngababingeleli abanyulu bokwenza amadini kaMoya, amkelekileyo kuThixo ngenxa kaYesu Krestu.

Izibingelelo zomoya zingumfuziselo (iimpawu, iisimboli) zombingelelo, indawo ekubekwa kuyo into exabisekileyo ukuze kuzukiswe uThixo. Ngamaxesha eTestamente Endala, izibingelelo zazakhelwa ukwenza amadini anyukayo okubonisa unqulo nentlonelo kuThixo, inguquko (repentance) nokuzinikela. Namhlanje, sibizelwe ukuba sibe ngamadini aphilileyo (KwabaseRoma 12:1).

Intlonelo yakho, umbulelo wakho nexesha olichithayo ekuhambiseni iajenda kaThixo zizinto zonke ezo eziyishukumisayo intliziyo yakhe, zakhe isibingelelo esiza nempendulo yakhe. Xa unikela kuye ubumnandi, ikratshi nempakamo, ixesha okanye izinto onazo, ubonisa ukuba uthembele kuye yaye umhlonele. Ukumkani uDavide uthi, “Andiyi kunyusa ndise kuYehova uThixo wam amadini anyukayo endiwazuze ngelize,” (USamuweli II 24:24). Izibingelelo zokwenyani zifuna idini elicacileyo.

Intobeko yethu yemihla ngemihla, ukukhetha ukuxolela, ukukhonza okanye ukunikela, ezo zinto zikwangumnikelo olivumba elimnandi.

ISIPROFETO

Ndiza kubudla ubomi bam njengedini eliphilileyo yaye ndiyazi ukuba umlilo weZulu uza kutshisa emathanjeni am. Umbingelelo endiwunikelayo kuThixo unentsikelelo egqobhozelayo. Mayibongwe iNkosi.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte I 3:16-17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 2:14-4:37

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Novemba 18

UKHOLO NGUMEYISI WOLOYIKO

KwabaseFilipi 4:13 (KJV)

Ndinokuzenza izinto zonke, ndikulowo undomelezayo.

Uloyiko lolwendalo kodwa ukhoho lona lunamandla angaphezu kwawemvelo. Uloyiko luyakhubaza, lugqiba amandla, kodwa ukhoho luyakuqhuba. Zakungaqiniseki izinto ebomini, sikhetha ukhoho, hayi ngikunganaki uloyiko, koko ngokuhlala sithembe uThixo ngaphezu kweengxaki esizibonayo. Incwadi kalsaya 41:10 ithi, “Musa ukoyika kuba ndinawe mna...ewe, ndikuncedile, ndikuxhasile ngesandla sam sokunene sobulungisa bam.” Ukhoho lukholelwa ukuba uThixo ukhona, unamandla yaye unako.

UDavide wajamelana noGoliyathi enokhoho. Ngeli xesha abanye babengcangazela, uDavide yena wayenethemba. Kukaninzi uYesu esithi, “Musa ukoyika; kholwa.” Ukhoho luyaluphelisa uloyiko kuba lusekelwe kwizithembiso zikaThixo. Uloyiko luthi, “Kothekani ukuba kuthe?” Ukhoho luthi, “Nokuba kutheni, uThixo usalungile!” Ngokuya wayehamba phezu kwamanzi uPetros, lukhoho olwenza ukuba angatshoni; uloyiko lwamenza watshona.

Amehlo akho mawajonge kuYesu, uloyiko luya kumka kuwe. Ukhoho lukhula ngokuva nokucamngca ngeLizwi likaThixo. Okukhona uya umazi, kokukhona luncipha ngokuncipha uloyiko!

ISIPROFETO

Ndithetha ukhoho, ndicinga ukhoho yaye ndiphila ukhoho. Lungafana lunkqonkqoza uloyiko kodwa impendulo ndiyifumana kukhoho lwam kuba ndiyazi ukuba uThixo akandinikanga moya wakoyika kodwa owamandla, uthando nengqondo ephilileyo, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYoshuwa 1:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 5:1-7:29

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Novemba 19

UKUPHA KUVULA IINTSIKELELO ZIKATHIXO

Imizekeliso 19:17 (KJV)

Uboleka uYehova obabala isisweli; umbuyekeza ukuphatha kwakhe okuhle.

Ukupha okanye ukunikela kungumthetho kwezakwamoya ovula iintsikelelo zikaThixo. Kwincwadi kaLuka 6:38), uYesu ufundisa athi, “Yiphani, nani nophiwa...” Xa sisipha ngokukhululekileyo, silungiselela ukuphiwa kude kuphuphume. Ukupha akunto kufneka siyenze kuba sijonge nje ukuzuza nathi kodwa ke uThixo uba nobubele kwintliziyo ekhululekileyo. Xa ukunikela kwiiprojekthi zikaThixo ukwenza inxalenye yobomi bakho, iingcango ziyavuleka, yena akuphakamisele kwezintsha iindawo ezi, ekwandisela.

Iintsikelelo elandelayo ayibi yimali ngalo lonke ixesha. Isenokuza iluxolo, ubonelelwe ngento ethile, ukuvuleka kwamathuba okanye ukukhuselwa ntweni ithile. Nomhlolokazi owanikela ngemalanana ezimbini wamchukumisa uYesu ngenxa yokuba wanikela ngako konke awayenako. (UMarko 12:41–44). UThixo uyixabisile imeko eyiyo intliziyo ekhapha umnikelo ngaphezu kwesixa onikela ngaso. Ukunikela kujika amehlo ayeke ukujonga ukuba kuncinci kangakanani, koko sijonge kule ntabalala ingaphambili yaye kusikhumbuza ukuba uThixo nguyena mthombo wethu— hayi ingqesho okanye iakhawunti yebhanki. Nikela, yaye ungalibali nokubhengeza ukuba uThixo ngumboneleli wakho ojonge kuye.

ISIPROFETO

Ukunikela kwam ndithembekile kukuhlonela uThixo yaye kuvuselela iintsikelelo zikaMoya ebomini bam. Andigaleli ngxoweni ivuzayo xa ndinikela. Ndiya kuvuna izivuno zanaphakade nezalapha emhlabeni ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 9:6–7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 7:30–9:22

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Novemba 20

IMPILISO YINTO ELULA

UYohane 6:2 (KJV)

Wayelandelwa ke sisihlele esikhulu, ngokuba babebona imiqondiso yakhe, abeyenza kwababesifa.

Naphi na apho wayehamba khona uYesu, kwakuhlala kukho abantu abaphiliswa. Impiliso yabantu yayingeyonto eyenzeka ngelo xesha nelo; yayiphambili kwiministri yeNkosi yehu uYesu Krestu. Incwadi kaMateyu 4:23 ithi uYesu wayehamba eGalili ephilisa abanezifo nemikhuhlane. Wayengenzeli kubonisa nje amandla kodwa wayetyhila ukuba uThixo unothando novelwano. UYesu wayevula amehlo eemfama, evusa abafileyo, ephilisa izihlele. Imimangaliso yakhe yayizizenzo zenceba, ebonisa ukuba uThixo ukhathala kakhulu ngomntu ophantsi kwentsokolo.

Ngobabalo lwakhe, uThixo usinike amandla okuphilisa. Kule nkono, le ministri yethu, mininzi imimangaliso esiyibonileyo. Impiliso ilula xa isenziwa ngokholo egameni lakhe!

Inkosikazi eyayinethombe legazi yachukumisa ingubo kaYesu yaphila ngoko nangoko. Ibali layo lisikhumbuza ukuba xa unokholo, uThixo uyaphendula. UYesu akazange akhe ajike namnye umntu owayesiza enokholo. KumaHebhere 13:8 uYesu utsho uthi unguye izolo, namhlanje, naphakade. Awayenzayo ngaphambili, usayenza nangoku.

ISIPROFETO

Namhlanje zonke iintlungu zinikwe uphumaphele ebomini bam. Ndingumntwana kaThixo yaye umzimba wam uyitempile kaMoya oyiNgcwele; ngoko, ndiyala tu ukugula! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UMateyu 14:14

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 9:23-11:30

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Novemba 21

OWONA MTHETHO MKHULU

Imizekeliso 10:12 (KJV)

Intiyo ixhokoxa ingxabano; Uthando lugubungela ukwazi.

Mhla wabuzwa ukuba nguwuphi na owona mthetho mkhulu, uYesu waphendula wathi uthi yithande iNkosi uThixo wakho... umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda (UMateyu 22:37–39). Uthando aluzomvakalelo nje: ngumyalelo. Ithi ke loo nto makubekho izezo, injongo nokuzinikela. Uthando alwenzi ngozi. Lusuka lutshintshe umoya lo usijikelezileyo, luzise uxolo, impiliso nomanyano kweli lizwe lizele yiyantlukwano.

UYesu akazange afundise nje ngothando, wayeluphila. Mve ethandaza naphaya emnqamlezweni esithi, “Bawo, baxolele.” Intiyo wayiphendula ngothando. Nathi uthi masenze njalo. Uthando lukaYesu Krestu lunomonde nenyameko, lunobubele, alucaphuki msinya yaye alugcini rekhodi yabubi okanye zinto zamntu zirongo. Lunamandla, amandla angaphezu kwawemvelo, avela kuThixo kuphela.

UMoya oyiNgcwele usenza sikwazi ukuthanda ngaphezu kwamandla ethu. Uthando lwakhe yindalo yethu. Malubonakale olu thando ebomini bakho, efemelini yakho, emtshatweni, kwibhizinesi yakho nakubudlelane onabo nabanye jikelele. Maluhambe lunabe uthando kulo nyaka wokuqhawulwa kwezibophelelo, i-Year of the Chain Breaker!

ISIPROFETO

Mna ndikhetha uthando kunentiyo. Xa ndihamba eluthandweni, ndityhila intliziyo kaThixo wam, ndizalisekisa injongo yakhe, ndibonisa ukuba yena Omkhulu uphila kum naphakathi, uThixo ngokwakhe! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaPetros I 4:8

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 12-13

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Novemba 22

UMTHANDAZO, INDAWO YOKUZIMELA

KwabaseKolose 4:2 (KJV)

Zingisani ukuthandaza, niphaphamile kuko, ninombulelo; kunye noko nisithandazela,

Ubomi umthetho wabo bunezaqhwithi, kwiimvakalelo zethu, ngokwasemphefumleni ngokwasemzimbeni, nangokomoya kodwa umthandazo likhusi lethu, ikhubalo lethu esizuka kulo amandla. UThixo ulihlathi elisizimela kulo, ungamandla ethu, uluncedo lwethu ezimbandezelweni (lindumiso 46:1). Ngomthandazo singena engcweleni kaThixo size sifumane uxolo esingenakulunikwa lihlabathi. Wakonganyelwa luloyiko, umthandazo uzolisa intliziyo. Wakubhideka, umthandazo ukutyhilela izinto. Indumiso ithi, “Ndidanduluka kuwe ndisesiphelweni sehlabathi, ekutyhafeni kwentliziyo yam; ndikhaphele eweni elisemalengalengeni kum” (lindumiso 61:2). Elo Liwa ke nguKrestu Sakufikelwa ngamaqhwa neenkqwithela zalo mhlaba, umthandazo usikhaphelela kuLOWO uzolisa iilwandle. Waphose kuye onke amaxhala akho ngoba ukukhathalele. Musa ukubuya umva ngenxa yokoyika, balekela emthandazweni, ikhusi lakho. Akakude, ulapha kufuphi.

ISIPROFETO

Ndiza kuthandaza ndisazi ukuba umthandazo yiprothokholi yasebungcweleni bukaThixo endihambela phambili ukuze ndithi ndifika lube uloyiso lwam seluqinisekisiwe. Soze ndiziyekele izinto zenze unothanda ngoba ngomthandazo ndophumelela, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 6:18

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 14:1-16:10

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Novemba 23

OWETHU UMSEBENZI

indumiso 96:3 (KJV)

Balisani ezintlangeni uzuko lwakhe, balisani ezizweni zonke umsebenzi yakhe.

Umyalezo kaYesu wokugqibela wawungesosiphakamiso, icebiso, kwakunguMyalelo Omkhulu (Great Commission). “Hambani ngoko niye kuzenza abafundi zonke iintlanga...” Lo myalelo ungqwele awungowabapostile, abaprofeti, abefundisi, ootitshala beLizwi okanye abavangeli; ngowoMKrestu wonke ophakamisa izwi athi uYesu yiNkosi. UMyalelo Omkhulu wenza ukholo lwethu lube nenjongo. Asizange sisindiselwe ukuba sihlale nje ecaweni, sasindiswa ukuze sifikelele kwabalahlekileyo (UMarko 16:15). IGospile le uze ungayithathi ngokwecebiso nje elilungileyo; iziindaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo, eziguqula ubomi.

Ukubizela abantu kuKrestu kufuna injongo engqalileyo. Yinto ehle iqale ngencoko, yenzeke nje phakathi kwabasondeleleneyo kunye nalapha kubomi bemihla ngemihla. UYesu wayehlangana nabantu emaquleni, emakhayeni kanti nasesitratweni, ehlala ezisondeza kubo, enothando. UYesu wathembisa wathi, “Ndinani lonke ixesha.” Ekumthobeleni kwetu, ubukho bakhe buyasomeleza. UMoya oyiNgcwele ulungisa iintliziyo, usinika inkalipho yaye uqinisekisa ubunyulu beLizwi. Akuwedwa, biza imiphefumlo ize kuYesu.

ISIPROFETO

Ukubizela imiphefumlo kuYesu akuloxanduva lunzima kum koko liwonga. Ndizinikela ekusebenzisaneni noThixo ukusindisa imiphefumlo esebumnyameni ingene kuBukumkani bokukhanya. Andisebenzi ndedwa; ndiyibiza imiphefumlo ndinoYesu! Haleluya! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Izikronike I 16:24

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 16:11-18:28

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Novemba 24

UKUTHOBELA YINTO ENKULU

Iindumiso 25:10 (KJV)

Zonke iindlela zikaYehova ziyinceba nenyanyiso kwabagcina umnqophiso wakhe nezingqino zakhe.

Baninzi abathi banqwenela ukuhlalana noThixo kodwa bambalwa abazimiseleyo ukumthobela nokuba imeko ithini na. Kanti ke, kusekuzinikeleni apho atyhilwa khona amandla akhe. Ukuthobela umthetho kaThixo lisango lokuyiva inzaliseko kaThixo. Ukuva nje iLizwi akwanelanga. Ukuba ufuna iziphumo, kufuneka uliphile. Ukumthobela kukhulula isityhilelo sikaThixo. UAbraham wamthobela uThixo ngokunikela ngonyana wakhe ulsake waza wafumana imvu ibambeke etyholweni wasele etyhilekelwa kukuba uThixo nguMboneleli!

Kuthobela kujika into ebiqhelekile ibe yinto esisimanga. UPetros wathobela umyalezo kaYesu othi makaphose umnatha, watsho wabambisa intaphane eisimanga. UThixo ke udibana nawe okanye ukulungiselela ngokwale ndawo ukuyo ngokokholoKuthi naxa indlela ingakucacelanga kakuhle kodwa kuthi ngenxa yokumthobela utsho nezasebungcweleni izinto. UThixo akafuni kuqondwa nguwe, ufuna ukuna ukuthenjwa qha. Xa ihambo yakho iyeyokuthobela uThixo, uphila ngokhuseleko lwasenyangweni, uvela ubone izinto zisithi khiqi khiqi ukuza kuwe, uphila ngenjongo.. Ukuthobela uThixo mayingabi yinto oyithatha kancinci, ishukumisa intsikelelo.

ISIPROFETO

Ndiza kumva apha kum ngokupheleleyo uThixo. Ndiza kumthobela ndithembekile. Ekulithobeleni kwam iLizwi, kuza kuvuleka genge iingcango zobungcwele kum. Mayizukiswe iNkosi! Amen

FUNDA UZANDISELE

IEksodus 19:5

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 19-20

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Novemba 25

UXOLO NOKUQINISEKA KUTHIXO

UMateyu 7:24-25 (NLT)

Wonke umntu osukuba ngoko eweva la mazwi am, awenze, ndimfanekisa nendoda eyingqondi, yona yayakhelayo elulwalweni indlu yayo... ayawa kuba ibiyakhelwe elulwalweni.

Ukuthembela kuThixo kuza noxolo olungummangaliso nengqiniseko yethu engasukumiyo kuye. Ndiyibonile loo nto amaxesha ngamaxesha. Izithembiso zakhe ziyinqaba ezintliziyweni nasezingqondweni zethu kumaxesa okubhideka. Uxolo luyathululeka xa sikhetha ukukholwa kwinto ayithethayo uThixo ngaphezu kwale siyibonayo okanye siyivayo. Sakufikelwa luloyiko, iLizwi likaThixo liyasiqinisekisa. Ukuthi, “Musa ukoyika” asintetho nje yakukupholisa, sisiqinisekiso sobungcwele sempumelelo noloyiso. Themba iLizwi likaThixo, luya kukhula ukholo lwakho.

Ukuqiniseka kwakho ngoThixo kufika xa usazi ukuba iLizwi lakhe alibuyi lilambatha. Ukuba uThixo uthethile, uza kuyenza loo nto ayithethileyo. UYesu wayesebenzisa iLizwi alubethe luthi cwaka utshaba. Ngokunjalo ke nathi, sakuma eLizwini, siyazoyisa iintandabuzo, utyhafo nenkohliso. Yeka iLizwi libe yiankile yakho kwiinkqwithela zonke.

ISIPROFETO

Ndithetha iLizwi likaThixo ndilikholelwa. Ndiyaliphila yaye lihlala kum ngokuphangaleleyo, ndigcwele lilo! Intliziyo yam ime enyanisweni engatshintshiyo kaThixo; ngoko ke ndinoxolo olungenakushukunyiswa nto, ndiqiniseke kakhulu ngaye! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 6:17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 21:1-23:25

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Novemba 26

INDUMISO IYAYITSHINTSHA INDLELA YOKUBONA

Iindumiso 66:4 (KJV)

Lonke ihlabathi liya kukunqula, Bakubethele uhadi; Balibethele uhadi igama lakho. (Phakamisani.)

Ukunqula uThixo kususa iingqwalasela yethu kwimizabalazo yethu yasemhlabeni kusijongise kwiinyaniso zamazulu. Sakuva ngathi izinto ziyasongamela, xa simnqula simdumisa, oko kumnqula kwethu kusikhumbuza ukulunga kukaThixo kwanokuba ungumongameli wezinto zonke. UPawulos noSilas, babethandaza beculela uThixo iindumiso ngoku bebethiwe bavalelwa entolongweni. Indlela ababemnqula, beminga ngayo kwabangela ukuba uThixo angenelele. Kwabakho inyikima eyaqhawula loo matsheyina babebotshwe ngawo, kwavuleka iingcango zentolongo. Ngokumnqula akubuleli nje iintsikelelo zakhe kuphela; yindlela obhengeza ngayo ithemba lakho ngexesha lezilingo. Asikokuthi iingxaki azikho; kukuzifreyima ngokutsha ukuze kubonakale ukukhanya okubonisa ukuba uThixo ngubani na ngenene.

Xa siphakamisa amehlo ethu sidumisa, asisajonganga kwezethu iingxaki, siyayeka ukuzibona zinkulu, siqalise ukuzukisa uYehova. Indumiso ibuyisela ingqondo yethu kulowo ungumthombo wenene woncedo lwethu (Iindumiso 121:1-2), itshintshe umoya ngaphandle kunye nesimo sethu sangaphakathi. Sakuqwalaela kuzuko lukaThixo, siyatshintshwa nathi sifane naye. Ayingangoma namculo le nto, ingumzuzu wokuguqulwa kobomi!

ISIPROFETO

Ndokumnqula kwam, ndimdumisa uYehova, nditshintsha amaxesha. Kuhlaziyeka ingqondo yam, intliziyo yam ilungelelene, isemgceeni, yaye nomphfumlo wam ndiyawukhumbuza ukuba uThixo usesetroneni! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 117:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 23:26-27:8

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesin, Novemba 27

INJONGO KATHIXO IYOYISA

KwabaseKorinte 1:8 (ESV)

oya kuniqinisa ase ekupheleni, ukuze ningabi nakumangaleleka ngemini yeNkosi yethu uYesu Kristu.

Ubomi buzele amajikojiko kodwa icebo likaThixo lona liyema (Imizekeliso 19:21). Into akugcobeke yona uThixo ayinakunqandwa mntu, mpazamo okanye meko. Injongo yakhe ihamba ngamaxesha onke onyaka, ithubeleza phakathi kweentsikelelo ngapha, namadabi ngapha. Uhambo lukaYosefu ukusuka kuloo mngxuma wayefakwe kuwo ukuya kutsho ebhotwe, lwalukhangeleka luneziphithiphithi kodwa walizalisekisa icebo likaThixo lokusindisa iintlanga.

Ukuba nenjongo necebo ke akuthethi kuthi ubomi abusobe bube neengxaki; ndaweni yoko kuthetha ubomi obunentsingiselo. UThixo usebenzisa nantoni na, nditsho neengxaki ezi zakho uyazisebenzisa xa ethanda kuba efuna ukuzalisekisa injongo yakhe. Wakuziva ulahlekile okanye ngathi uyalibaziseka, khumbula ukuba uThixo akazilibalanga izicwangciso zakhe. Owuqalileyo umsebenzi olungileyo kuwe uza kuwufeza (KwabaseFilipi 1:6). Musa ukumxhesha uThixo; uyalichana ixesha. Injongo yakhe ngobomi bakho, ibhizinesi yakho kunye neemali zakho zifakwe itywina eZulwini; iza kufezeka injongo yakhe!

ISIPROFETO

Ndiyamazi owam uThixo uyakwazi ukwenza. Ndikuthembile ukwenza kwakhe kubomi bam namhlanje nakwixesha elizayo! Ndibona impumelelo yaye icebo likaThixo ngam liza kufezeka ndinoloyiso olukhulu! Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KwabaseTsalonika I 5:24

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izenzo 27:9-28:31; kwabaseRoma 1:1-15

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Novemba 28

UMKHULU KUNALAPHO USUKA KHONA

Iindumiso 103:12 (NKJV)

**Kunjengokuba kude kwempumalanga entshonalanga,
ukulukhwelelisa kwakhe kuthi ukreko lwethu;**

Nokuba imbi kangakanani na into ebiyenzeke ngaphambili, ubabalo lukaThixo lunika isiqalo esitsha. “Ngoko ke, ukuba ubani ukuKristu, usisidalwa esitsha; izinto ezindala zidlule; bonani ke, zisuke zaba ntsha izinto zonke zakhe.” (KwabaseKorinte II 5:17). Lubabalo oluyenza yonke le nto iphumelele. Imvelaphi nembali yakho ayinalungelo lakukukhaba; ubabalo lubhala ibali elitsha ngobomi bakho. UPawulos ngumzekelo omhle. Wathi wayengumtshutshisi wamaKrestu ngaphambili, wahlangana nobabalo endleleni eya eDamasko watso waguquka wasisitya esinamandla seendaba ezilungileyo zikaThixo.

Ubabalo lufikelela emnyameni lukuthate lukubeke ekukhanyeni. Aluthi asikho isono; luyasihlawulela (KwabaseRoma 3:24). Asikho isono esikhulu kunesinye, kungekho keflisha kunzulu kunokunye okanye mpazamo inzima ingenakulungiselelwa Lubabalo.

Ubabalo lukaThixo lusuka luthi ubusithi kumdaka, kunyhukkunyhuku, lufike lutshintshe izinto kuphume ubungqina, kuthi bekusithiwa uwe bhuma phantsi, akunanto iphumeleleyo, lusuke lube ziplatformu zethemba. Wakuzuza ubabalo lwakhe, akuasabizwa ngobuyenzile, usuka ubizwe ngakwenzele yona YENA. Ziyeke ezidlulileyo zihambe wamkele inkululeko yako wena kula nyaka weChain Breaker!

ISIPROFETO

Ubabalo lundinika iqalo elitsha nekamva eliqaqambileyo. Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 4:16

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 1:16-5:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Novemba 29

UKONGAMELA SISIGUNYAZISO SIKATHIXO

Isityhilelo 5:10 (NIV)

Wasenza ookumkani nababingelelo kuye uThixo wethu; Sasiya kuba ngookumkani phezu komhlaba.

Ubongameli obu asiyonto eyeza nomntu; ngumsebenzi ongcwele. KwiGenesis 1:28), uAdam noEfa basikelelwa nguThixo, esithi, “nibe nobukhosi.” UThixo wayengacebisi apha, wayenika umyalelo. Ukongama kuthetha ukulawula, ukumaneja nokukhokela. Ligunya nempumelelo yokuchaphazela nokuba neempembelelo eziguquka iimeko. Kutyhila ubuthixo bukaThixo apha kuwe ngoba uligosa lakhe apha eMhlabeni. Phila ke njengomntu ofunjathiswe igunya lobuthixo. Ubulawuli obu asiyonto yokuzimincwa ngayo wedwa, yeyohambisa iindaba zoBukumkani. UThixo ulindele ukuba silawule ngotando, sibe ziinkokeli ezinokulunga, sense ngegunya (lindumiso 8:6). Kungaba kwezoshishino mhlawumbi, kwezemfundo, kwiministri okanye efemelini, into ephambili kukuba ubizelwe ukuba yinkokeli. Wawungenzelwanga ukuba mawuxutywe, ubhlende nje nabanye koko wenziwa ukuba uqaqambe yaye uphakamise nabanye ukuze uzuko lukaThixo lubonakale emhlabeni wonke!

ISIPROFETO

Andiswelanga mandla; ndithanjiselwe ukuba ndibe nobukhosi, ndibe ngumongameli. Ingqondo, izandla namazwi am aneempembelelo. Ndithetha ngokuzithemmba ngoba ndiyazi Amazulu andijongile ukuba ndongame apho ndikhoyo ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaPetros 2:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 5:12-8:25

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Novemba 30

IMIQONDISO YAMAXESHA OKUGQIBELA

KuTimoti II 3:1 (KJV)

Ke, kwazi oku, ukuba ngemihla yokugqibela kuya kufika amaxesha anomngcipheko.

UYesu wayixela imiqondiso eza kubakho kumaxesha okugqibela ukuze sizilungiselele. KuMateyu 24:6–8, wathetha ngeemfazwe, imbalela, iinyikima kunye nabaprofeti ababuxoki, nto ezo ezingamaqalela amaxesha lawo okugqibela. Incwadi kaTimoti II 3:1–5 xa ichaza ithi kuza kwanda ukuwohloka kwendlela yokuziphatha: kuza kuqatsela ukuzingca, ikratshi, ukungathobeli nokungabi nyulu okanye ngcwele, zinto ezo esizingqinayo namhlanje. Kambe nangani kunjalo, musa ukuphaphazela; le miqondiso isikhumbuza ukuba masihlale sithe qwa ngokomoya, sizinzile kuThixo.

KuMateyu 24:14 uyasiqinisekisa ukuba nakuwo loo mbhodamo, IGospile yoBukumkani yona iseza kushunyayelwa. SingamaKrestu, kufuneka sihlale sizinzile ezibhalweni nasemthandazweni, kunjalonje singqine ngayo sikhaliiphile.

Musa ukuyoyika le miqondiso, yiyeke iluthume ukholo lwakho. Isikhumbuza ukuba ixesha lifutshane, kufuneka imiphefumlo isondezwe kuYesu. Imiqondiso ayisosiphelo sezinto; ikhomba ekubuyeni koMsindisi ngozuko kunye nesiqalo sozuko olungunaphakade lwabathembekileyo ngoko yibani nemihlali ngalo nyaka uyiChain Breaker!

ISIPROFETO

Ndithe qwa, ndihleli, ndiredi yaye ndinemincili ngoba ndiyazi uMhlawuleli wam uyaphila! Ndiredi ukuba ndiyibambe itshisa eyokuqala, ndihambe noYesu akufika ng-e-rapture. Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KaPetros 3:3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 8:26-11:24

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Disemba 1

MUSA UKUBA S.A.D. (UKUNXUNGUPHALA)

UYohane 14:26 (KJV)

Ke uMthetheleli, uMoya oyiNgcwele, aya kumthuma uBawo egameni lam, yena uya kunifundisa zonke izinto, anikhumbuze zonke izinto endizithethe kuni.

Izifundo zibonisa ukuba abantu baye bazive bengamalolo, bedandathekile kakhulu phaya kulaa nyanga yokugqibela yonyaka! Oogqirha bengqondo bafumanise ukuba ukutshintsha kwamaxesha onyaka kuyasichaphazela isimo sengqondo sezigidi ngezigidi zabantu ehlabathini jikelele, yaye esi simo kuthiwa yiSeasonal Affective Disorder (S.A.D.). Njengomntwana kaThixo, awukwazi ukuvumela yonke into le ekulo mhlaba igqibe ngolonwabo novuyo lwakho eNkosini!

Ubulolo okanye ukungabi nazihlobo zizinto zabo bangasaziyo isipho abasinikwa ngesisa xa babesamkela uKrestu. UnoMhlobo onguMoya oyiNgcwele; unguMthuthuzeli wethu okanye nathi maxesha onke. UThixo ukunike oyena mkhokeli ubalaseleyo walo mhlaba unzima, ongengoMhlobo nje kuphela, oNguye nokomelezayo ngamaxesha anzima.

ISIPROFETO

Andinakuze ndibe lilolo! NdinoMhlobo kuMoya oyiNgcwele. Uyandithuthuzela xa ndisengxakini. Akukho nto inokundenza ndingabi namncedi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte 6:19

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 11:25-15:33

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Disemba 2

IHLELO EZIBHABHA NGALO IINTAKA

ULuka 22:32 (NIV)

Ke mna ndikhungile ngawe, ukuba ukhoho lwakho lungapheli; nawe ke, xa ubuye wabuya, uze ubazimase abazalwana bakho.

Iintaka ezinkulu ezithanda ukufuduka ezinjengamarhanisi, amadada kunye nawo la amadada angootamonde zikholisa ukwenza u-V xa zibhabhayo okanye amahlelo ekuthiwa zii-chevron formations. Injongo yokuba zibhabhe ngolu hlobo kukuba zifuna ukulondoloza amandla nokwenza ukuba zintingele phezulu ngentlela entle. Ukuma okanye ukwakha kwezi ntaka ihlelo elinje xa zibhabha kuzinceda ukuba ukuba zibe zifikelele phezulu kakhulu ezibhakabhakeni. EBukumkanini bukaThixo, ukuhamba unenjongo enye nabazalwana eNkosini kuhlakulela isiseko seyona ndlela ibalaseleyo yokwenza izinto.

Isifundo sanamhlanje sisibonisa ukuba singabantwana bakaThixo, umzimba kaYesu, ibandla ukutsho, siwomeleza ngokuxhasana ngomthandazo. Kanye ngolu hlobo iintaka ziwasebenzisa ngayo amandla omanyano lwazo ukucanda isibhakabhaka kwimimoya ebhudlayo, iNkonzo emanyeneyo ayinakoyiswa mhla lwahlasela utshaba. Namhlanje, zikhethile ukomeleza abantwana bakaThixo emthandazweni, ubone iziphumo ezihle ziqandusela ebomini bakho.

ISIPROFETO

Ngokuprofeta kwam ndomeleza oodade nabazalwana eNkosini! Andizukuphila bomi bahlukileyo mna kobebandla eligumzimba kaKrestu okanye ndizibeke esichengeni sotshaba. Umanyano lwamakholwa lungamandla am! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte I 1:10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseRoma 16; KwabaseKorinte I 1:1-4:13

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Disemba 3

IQALILE IKLASI

KaPetros I 2:2 (KJV)

Walangazeleleni, ngokweentsana ezisandula ukuzalwa, amasi angawelizwi, angenankohliso, ukuze nikhule ngawo;

Khawuziphe ixesha lokukhumbula iintsuku zakho zasesikolweni. Sihlandlo ngasinye ugqiba unyaka wawuye uzive ngathi ufikelele encocheyini yolwazi, kanti useza kungena kwenye iklassi, eelinye inqanaba. Inxaki kuMaKrestu amaninzi kukuba xa ethe afikelela kwinqanaba elithile lolwazi, awafuni ukuzinika ixesha elaneleyo neliyimfuneko lokukhula ekumazini uThixo, asuke aziqolise kwingqiqo engeyiyo, ebubuxoki.

UMpostile uPawulos uyasixelela ukuba nanjengokuba abantwana kufuneka bencance ubisi, nawe njengomntwana kaThixo, kufuneka ulunqwenele ubisi lweLizwi. Kanye ngolu hlobo ubisi luwomeleza ngalo amathambo, luludlamkise nosana, iLizwi likaThixo liyakomeleza, likunika amandla okumelana notshaba xa luhlasela. Funda ke ukuzibekela ixesha lokulesa iZibhalo ezingcwele, ukhule, uphuhlise ingqondo yakho nomoya wakho ngaxeshanye!

ISIPROFETO

Ndixhotyiswe ngokupheleleyo ngamandla eLizwi likaThixo elingenasiphako, okuthetha ukuba ndinamandla okuzigatya iimpembelelo zomtyholi! Impumelelo yeyam namhlanje! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaPetros II 3:8

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte I 4:14-7:40

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Disemba 4

ITHINI IMENYU

lindumiso 23:5 (NIV)

Undilungisela isithebe phambi kwababandezeli bam. Uyithambisa ngeoli intloko yam, indebe yam iyaphalala.

Apha kuBuKrestu kukho le ngcamango iphosakeleyo ithi intobeko ihambelana nokuhlwempuzeka nentswelo. UThixo ke kanti ufuna ukuba ube nempumelelo! IBhayibhile ayibhalwanga miyalelo yobomi nje kuphela koko inemithetho-nkqubo ekuqinisekisa ngempumelelo yakho. Ngokusebenzisa iinyaniso eziselizwini lakhe, ufumana amandla angengowokoyisa utshaba nje kuphela koko nawokuphumelela apha phambi kwalo!

Isibhalo namhlanje sisizobela umfanekiso ocacileyo: uThixo usidekela itafile phambi kweentshaba zethu! Kwimenyu kukho uxolo olugqibeleleyo, uvuyo, ukuqinisekiswa kwethu kunjalonje, izinto zingumdliva. Itafile kaThixo ayinazimvuthuluka. Isidlo esiphuphuma ubabalo! Uyayazi eyona ndawo imnandi? Usilungiselela yona kanye phambi kwabo balindele ukuba ufelisha, ungaphumeleli.

Udalelwe ukuba ube ngumoyisi. Musa nakanye ukuba uvumele nantoni na iwuthobe umgangatho uThixo akubekele wona

ISIPROFETO

UThixo uyidekile eyam itafile phambi kwabandithandabuzayo. Kwimenyu yam kudwele ubabalo, uvuyo nempumelelo ephuphumayo; akukho nanye endiyisweleyo!

Ndinguloyiso-lukuKrestu igama lam. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 10:10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte I 8:1-12:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Disemba 5

AKUVA KAKUHLA

UYohane 10:27 (KJV)

Ezam izimvu ziyaliva ilizwi lam, ndibe nam ndizazi, zindilandela;

Ngelixa inkolelo yokuba uThixo ufuna ukunxibelelana nabantwana bakhe isamkelwa ngokubanzi, kungakhathaiseki ukuba ukuliphi ibandla, uhlanga okanye ubudala, amaKrestu amaninzi aphila nje enganxibelelani naye. Ingaba oku kuthetha ukuba izibhalo zithetha into engenasihlahla? Nakanye! Yiva ndikuchazele.

Kwizifundo zesayensi okuva isandi, iodyoloji, kukho izinto ekuthiwa ziihearing aids ezifakwa apha ezindlebeni zomntu ongeva kakuhle okanye osisithulu ngokupheleleyo. Ezi zixhobo zinemayikhrofowuni enqakula izandi, iampifaya (amplifier) ethi isihlele isandi, kukwakho nespikha (receiver) sona esikhupha isandi esivakalayo, esinentsingiselo endlebeni.

Nangona engqongwe zizandi ngezandi nje umntu ongevayo ufuna ukuncediswa sesi sixhobo, asityhune ukuze eve. Kunjalo ke nalapha kuthi. UThixo uthetha oko, ntokuyo wena kufuneka uzityhune iindlebe ezi nomoya wakho, ukuze umve ngokucacileyo! Ngena nzulu ezibhalweni ulole umoya wakho ukuze ukwazi ukulivisisisa iLizwi likaThixo.

ISIPROFETO

Usathetha nangoku uThixo! Ndityhuna iindlebe zam ngoku ukuze ndimve kakuhle ngokusebenzisa iLwizwi lakhe. Ndingaze ndifelishe njani ke! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UMateyu 13:15

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte I 12:12-15:28

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Disemba 6

ICHULE KWILIZWI

Kwabase-Efese 6:17 (KJV)

Yamkelani isigcina-ntloko sosindiso, nalo ikrele loMoya, eliliLizwi likaThixo.

Ikrele linamachule alo anaqeqesho olulolunye kwezona ndidi zobuchule zikhoyo nezibalaseleyo ngokucokiseka nobunkcani ehlabathini yaye yiminyaka ngeminyaka sihlonitshwa esi sakhono. UPawulos ebhalela ibandla lase-Efese, uthi xa ebhekisa kwiLizwi likaThixo lilikrele loMoya, ngokutsho loo nto ebethelela, ebonisa ukuba liyinkcani, linamandla yaye lenza ngenjongo. Uninzi lweengxaki zakho zemihla ngemihla zivela ekubeni ungalisebenzisi njengesixhobo sokuchasa umtyholi nemikhosi yakhe.

Isibhalo esingcwele singaphezulu lee kunezicatshulwa ezibhalwe esikhumbeni; sithwele amandla okutshabalalisa iidimoni. Uhlaselo lotshaba ungakwazi ukulutsheca liqengqleke phaya, ube wena uphumela ngaphaya.

Njengomntwana kaThixo, kufuneka ubeke ixesha oza kulisebenzisa ungene ngalo nzulu, ukuze ukhule eLizwini likaThixo. Wena UYINKCANI ELIZWINI!

ISIPROFETO

Obam ubuchule buseLizwini, NDIYINKCANI YELIZWI. ILizwi likaThixo ndya ngalo edabini. Ndinamandla okuzigeca iiplani zikamtyholi! Ndiza kulisebenzisa ngokucokiseka nangokuchanekileyo iLizwi likaThixo namhlanje! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 4:12

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKor. I 15:29-16:24; KwabaseKor. II. 1-2

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Disemba 7

ISANGO LOKUNGENA

UMateyu 25:1-4 (ESV)

Ngelo xesha ubukumkani bamazulu buya kufanekiswa neentombi ezilishumi, ezazithabathayo izibane zazo zaphuma zaya kumkhawulela umyeni. Ezintlanu ke kuzo zaye ziziingqondi, ezintlanu ziziziyatha. Ezo ziziziyatha zaphatha izibane zazo, azaphatha oli nazo; kodwa eziziingqondi zaphatha ioli ezityeni zazo, kwanezibane zazo.

AmaKrestu akholisa ukuthi aza kuba “kwiqela lokuqala” eliza kuhamba noYesu (rapture). Kambe, bambalwa abaqondayo ukuba xa uthe akwabikho kwelo qela lokuqala kuya kwenzeka ntoni na. Mandikuchazele.

Xa uza kukhwela ieropleyini, uthenga itikiti lale ndawo uya kuyo, lexesha elithile. Ukuba akufiki ngexesha kwi-boarding gate, ungayiphosa. Ngokunjalo ke, ukusala kwakho kwelaa “qela lokuqala” kuza kuba neziphumo.

Kulo mzekeliso, iNkosi yethu uYesu Krestu iyakubalaselisa ukubaluleka kokuba sihlale silungile ngokomoya, ngokomfuziselo weentombi ezintlanu ezaziziingqondi, ezazigcina zineoli izibane zazo. Uyakubethelela nokubaluleka kobudlelane obuqinileyo phakathi kwakho naye. Hlala ukulungele ukuza kukaYesu; makafike usenza umsebenzi kaThixo, usebenzela uBukumkani bakhe!

ISIPROFETO

NDIKULUNGELE UKUZA KUKAYESU NGE-RAPTURE! Ndikuqonda kakuhle ukubaluleka kokuba ndibe kwiqela lokuqala eliya eZulwini. Lakufika ixesha, ndobe sendimi esangweni lokungena! Haleluya! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UMateyu 24:42-44

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte II 3-7

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Disemba 8

SOZE NDASHUKUNYISWA NTO

Izenzo 20:24 (KJV)

Andikhathalele nanye yezi zinto; kanjalo nobomi bam obu andinqabe nabo, ukuze ndilufeze uhambo lwam ngovuyo, nolungiselelo endalwamkelayo eNkosini uYesu, lokuqononondisa iindaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo.

INkosi ungayikhonza naphantsi kweyiphi imeko? Uninzi lwamaKrestu angathi “Ewe!” Kodwa izenzo zawo zemihla ngemihla zithetha enye into. Izigidi zalile ukusebenzela uBukumkani bukaThixo ngenxa yokuba kuthethwa kakubi ngazo, becinezelwa kwi-intanethi, kumaza ngamaza omoya (social media pressures) okanye kuthethwa amazwi atyhafisayo ngoontanga babo neefemeli zabo.

Ivesi yanamhlanje isichazela ngendlela uMpostile uPawulos awayemthobele ngayo uMoya oyiNgcwele ngexesha wayehambisa ngalo iVangeli, noxa wayeyiqonda intshuntshiso emlindele ngaphambili. Phezu kwazo zonke iimbandezelo ezazimlindele, watsho ekhaliphile ukuba akazinakanga yena. Wema akashukuma nakuba wayesejongwe kukufa! Njengomntwana kaThixo, khalipha njengaye, ubhengeze umsebenzi ogqityiweyo kaKrestu ehlabathini, nokuba iimeko zithini.

ISIPROFETO

Ndikhetha ukulandela uYesu nokuba umchasi uvela ngakuliphi na icala! Alukho nolunjani uhlaselo lotshaba olunokundishukumisa. ANDISHUKUMI! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KuYohane 15:18

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKorinte II 8-12

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Disemba 9

UXOLELO

Kwabase-Efese 4:26 (KJV)

Qumbani, ningoni; ilanga malingade litshone nicaphukile;

Isibhalo sisixelela ukuba malingatshoni ilanga sisacaphuke ukususela ngokuya besicatshukiswe yinto. Ukutsho oko kukuthi ukuba ubucatshukiswe yinto lingekatshoni ilanga, usalelwe yiyure enye qha yokuba umxolele lowo ukucaphukisileyo wakugqiba uqhube wenze izinto zakho. Ukuba ndiye ndamxolela namhlanje kodwa waphinda ngomso? Mxolelele khwakhona.

Kwincwadi kaMateyu Matthew 18:21-22, uYesu wathi masixolele “amashumi asixhenxe aphindwe kasixhenxe”, nto leyo ingumqondiso wokuba ukuxolela oku akuphelelwa yaye akunamida. Wayethetha ukuthi, “xolela ngawo onke amaxesha usoniwa okanye ukhutyekiswa ngomnye,” ngoba unayo ikhaphasithi, amandla okwenza njalo.

Amanye amaKrestu abambelela ezintweni amashumi shumi eminyaka, ekhumbula izinto ebezenzeke ngezolo. Kodwa ke, ukuba uThixo ukuxolele, wena ungabanjwa yintoni ungaxoleli? Xa uzelwe ngokutsha, uba ngumntu oxolelayo. Cela uxolo okanye xolela, msinya kunjalonje. Khumbula, malingade litshone ilanga!

ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, ndiketha ukubona abantu ngendlela ababona ngayo uThixo. Akekho umntu endingenakuze ndimxolele, kungekho nto irongo ndiyenzileyo ndingasayi kuze ndiyicelele uxolo. Ndinako ukubaxolela abanye kwiziphoso zabo, ndisitsho ndibaxolela ngentliziyo yam yonke ngalo mzuzu, ngeGama likaYesu. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UMarko 11:25; KaYohane I 1:7-10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje II 13; KumaGalati 1:1-4:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Disemba 10

SICHAPHAZELA IZIZWE

Iindumiso 2:8 (KJV)

Cela kum, ndikunike iintlanga zibe lilifa lakho, iziphelo zehlabathi zibe zezakho.

Xa athi uThixo, “Ndakukunika iintlanga zibe lilifa lakho,” uthetha ngokunaba kweempembelelo zakho, uchaphazela izizwe ngeVangeli nokulunga kukaThixo. Abapostile benza loo nto baza nathi basinika isikhokelo emasisilande.

Xa wayeshumayela e-Efese uPawulos, wayechaswe macala onke kodwa akazange ayeke ukuhambisa iGospile kaKrestu. Wayethi ekweli ilizwe, abe ekweli, esazi ukuba abahedeni aba lilifa lakhe, banikezelwe kuye; wayengenako ke ukungawenziz loo msebenzi. IBhayibhile ithi, “Lenjenjalo ke ilizwi leNksoi ukwanda ngamandla nokweyisa.” (Izenzo 19:20). Undoqo ke ukuba ufuna isiphumo esinje kukuhlala emthandazweni, unike idolu ukutya kwalo.

Zila ukudla, uthandazele ilizwe lakho, idolophu yakho, isikolo sakho, indawo oqeshwe kuyo, njinjl. Ngokuqinisekileyo liya kukhula ngamandla iLizwi likaThixo, kubekho ubungqina. Ulithemba lezizwe nesisombululo ezijonge kuso.

ISIPROFETO

Ndiza uzishumayela iindaba ezilungileyo zikaYesu kwabalahlekileyo, baphume ebumnyameni bangene ekukhanye kukaThixo. ILizwi leNkosi liyahamba, liyanda kwidolophu yam, isixeko sa nakulo onke ihlabathi ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KuTimoti 1:2-2

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: kumaGalati 4:12-6:18; Kwabase-Efese 1:1-14

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Disemba 11

UBOMI OBUNZULU KUTHIXO

KwabaseKolose 3:2-3 (KJV)

Nyamekelani izinto zaphezulu, zingabi zezasemhlabeni. Kuba nafayo, baye ubomi benu bufihlakele ndawonye noKristu kuye uThixo.

Abashumayeli abaninzi bayakubethelela ukuba yifa, ukanti isifundo sanamhlanje siyibeka ngokuphandle into yokuba sesifile thina. Akufuneki ukuba “ufe” kwakhona ukuze usebenzele iNkosi, ingqondo okanye iminqweno yakho uyijolise kwezakwamoya. Xa kusithiwa, “ufile” kuthethwa ukuba ungumntu omtsha tsha, isidalwa esitsha, esingazange sakho ngaphambili.

Ufile ehlabathini nehlabathi lifile kuwe (KumaGalati 6:14). Ukuthandaza, ukunqula nokudumisa, kunye nokucamngca iLizwi mayibe zizinto ezihlala zingumqweno wakho. Bubomi bakho obutsha kuKrestu obu. Zinikele kubo kweli xesha lonyaka elilixesha lokuzila kweli lethu ibandla. Jolisa amehlo akho kuye, kuBukumkani bakhe. Mthande ngentliziyo yakho yonke, uzixabise ngakumbi izinto zikaMoya. Mayibe bubomi obunzulu obu kuKrestu, buhlale busengqondweni yakho mzuzu namzuzu ukuqala namhlanje!

ISIPROFETO

Ndithe qwa ngoku, ndiyawaqonda amandla am kuba ndikuKrestu, ndikwazazi nokuba ndingubani na kanye kuye. Ndiqolozele kwiinyani zezulu yaye ndiza kungena nzulu kuKrestu ngeGama likaYesu Krestu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKolose 2:20

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Kwabase-Efese 1:15-5:14

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Disemba 12

IFUTHE NEEMPEMBELELO ZOBUKRESTU

UMateyu 5:14 (MSG)

Nantsi enye indlela yokuyibeka: Nlapha ukuze nibe kukukhanya, nivelise imibala kaThixo ehlabathini. UThixo akayomfihlo ukuba igcinwe. Siya esidlangalaleni ngale nto, njengesixeko esimi phezu kwentaba.

Kula maxesha okugqibela, eli hlabathi siphila kulo lisengxakini, lifuna iLizwi likaThixo ngokungxamisekileyo. Umsebenzi wamaKrestu kukutshintsha izinto, eza nokukhanya okukhupha imibala kaThixo, njengoko isifundo sanamhlanje sisitsho. Wazalelwa ukuze ube nempembelelo kunye nempendulo kwisikhalo sabadingayo. Ngoko ke, busebenzise ubuqaqawuli nozuko olu lukaThixo lulapha kuwe; bonakalisa iinqobo, isidima, ukucikizeka nokugqibelela kukaKrestu okusemoyeni wakho.

Usazilile uthandaza unjalo namhlanje, khumbula ukuba ubuKrestu busebenza yaye bubonakala kumKrestu obuphilayo. Ukuba nguwe kuphela ozaliswe nguMoya oyiNgcwele kwidolophu ohlala kuyo, kwisixeko sakho okanye elizweni lakho, mayibonakale indima yakho kwezeVangeli kuyo loo ndawo. Mabachatshazelwe zezi Ndaba abantu, ngoba lowo ngumnqweno kaMoya ngobomi bakho.

ISIPROFETO

Ngegunya likaMoya kaThixo izizwe ziza kuchatshazelwa ngamandla yiGospile ngenxa yokuba amazwi amaKrestu avakala phezulu, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UHabhakuki 2:14

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Kwabase-Efese 5:15-6:24; KwabaseFilipi 1-2

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Disemba 13

IPROSPERITHI YEYAM

KaYohane III John 1:2 (KJV)

Ntanda, ndinga ungathi ngezinto zonke usikeleleke uphile, njengokuba usikelelekile umphefumo wakho

Ukuba nezinto kukholisa ukubonwa njengokuba luphawu lwempumelelo, ethi ke loo nto yenze abaninzi badibanise iprosperithi okanye impumelelo nokuba nemali; kodwa asiyiyo loo nto yodwa.

Iprosperithi izizinto ezininzi. Kukukwazi ukwenza into ofuna ukuyenza, ukuya apho uthanda ukuya, nokuba yile nto ufuna ukuba yiyo, kuze kuzukiswe uKrestu! Kukukwazi ukukholisa uThixo, ukuhamba kuMoya, nobungqina bozuko lwakhe ebomini bakho! Bubomi obuzele luvuyo, ukuhlala uhleka njalo! Kanti nangaphaya kokuba nezinto, iprosperithi kukukwazi ukunceda abanye nabo baphumelele.

IBhayibhile ithi uYosefu wayeyindoda ephumeleleyo (IGenesis 39:2) ngoba wayenza yanempumelelo indlu kaPotifare, inkosi yakhe. Nawe wenzelwa ukuba uphumelele kungekho kuphela nje ngokomoya, engqondweni, emzimbeni nakwizinto onazo. Wenzelwe ukusulela nabanye ngolo gcobo lwempumelelo. Nantso ke eyona mpumelelo!

ISIPROFETO

Impumelelo mayize kum ngoku. ILizwi likaThixo liyoyisa emzimbeni wam nasezimalini zam. Usapho lwam kunye nabanye baza kuphumelela ngenxa yam ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

IDuteronomi 8:18; KwabaseKorinte II 8:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseFilipi 3-4; KwabaseKolose 1

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Disemba 14

USAPHO LWAM

UYoshuwa 24:15 (KJV)

...ke mna nendlu yam siya kukhonza uYEHOVA.

UYoshuwa wayewaqonda kakuhle amandla elinawo le nto kuthiwa lusapho, ifemeli. Malunga nasekupheleni kobomi bakhe, wazibizela kuye iinkokeli zamaSirayeli eza kuyolela, ezikhumbuza ngeentsikelelo zikaThixo zangaphambili (UYoshuwa 24:1–14) ezibongoza ukuba zihlale zithembekile kuThixo. Esawunika njalo umyolelo wakhe, wathetha amazwi amakhulu abasawacengelezayo nangoku abanye, bambi bawaxhome ezindlwini zabo: “Ke mna nendlu yam siya kukhonza uYEHOVA.”

Uyayibona into yokuba uYoshuwa wayebhekisa kuye? “Ke mna.” Ekugqibeleni ke ngokwenene, into ingawe. Kufuneka wena ngokwakho uzikhethele ukukhonza iNkosi. Ayizukwenzeka ngangozi loo nto, ingahambi nangemfuza ke futhi. Abanye bangaludlulisa njengelifa ukholo kodwa kufuneka isigqibo usenze ngokwakho.

Kusonwatywe kunje ngeli xesha lonyaka, zikhetheleni ukukhonza uThixo nilusapho olupheleleyo. Sesona siphso sikhulu ninokwahlulelana ngaso. ILizwi lifundeni kunye, thandazani kunye, khulani kunye. Yahlukanani nokuphilisana kakubi nangenzone. Xolelanani, nikhokelwa luthando. Qalani namhlanje!

ISIPROFETO

Ndiyaprofeta ndithi mna nosapho lwam siya kukhonza uThixo ngokugqibeleleyo. Akukho namnye kuthi uza kusala ngemva. Kule yethu ifemeli simi ngoThixo, eGameni likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 133:1; Ilenzo 10:2

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseKolose 2-4; 1 KwabaseTesalonika I 1:1-2:12

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Disemba 15

ZIPROFETE

KuTimoti I 1:18 (KJV)

Lo myalelo ndiwunika wena, Timoti, nyana wam, ngokwamazwi awodwa avela kuThixo ethethwa ngae mandulo. Ngoko ke loo mazwi makabe sisixhobo sakho edabini

IBhayibhile izele ngamazwi eentsikelelo neziprofeto ezimayela nobomi bakho. Ingaba uyazigqala phofu? Uzithatha siriyasi? Sowenze ntoni ngazo zonke iziprofeto ezithethwe phezu kwentloko yakho, ezibandakanya ezo ubhalelwe zona eBhayibhileni? Bambi bathi, “azange khe ndive namnye umntu ethetha isiprofeto ngobomi bam.” Profeta ngokwakho!

UTHixo wathi wonke uMKrestu ufenele asinqwenele isipho sokuprofeta kuba sisipho esibalulekileyo. Kule vesi yanamahlanje, uTimoti uxelelwa ukuba alwe imfazwe eqinisekileyo ngeziprofeto ezathethwa kuye. Oku kuthetha ukuba makazisebenzise okwezixhobo. Kuba ke eli iliLizwi likaThixo, alibhekisi kuTimoti yedwa; libhekisa nalapha kuwe. Enkonzweni yethu i GoodNews Nation, singabantu besiprofeto, senziwe sisiprofeto; ukuprofeta kuthi yinto ezifikelayo, siyidalelwe.

ISIPROFETO

Ndiyaprofeta ndithi sonke isiprofeto esithethwe phezu kwentloko yam siza kufezeka nokuba kukho enjani imiqobo. Umlilo mawuhle ngoku utshise yonke into endibambezeleyo, eGameni likaYesu Amen.

FUNDA UZANDISELE

UDaniyeli 11:32b; KwabaseKorinte 14:39

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KwabaseTsalonika I 2:13-5:28; KwabaseTsalonika II

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Disemba 16

IMPILISO KATHIXO

KaYohane III 1:2 (KJV)

Ntanda, ndinga ungathi ngezinto zonke usikeleleke uphile, njengokuba usikelelekile umphefumlo wakho.

Ivesi yanamhlanje ithi, : “Ntanda, ndinga ungathi ngezinto zonke usikeleleke uphile...” Oko kuthetha ukuba ngokwezicwangciso zakhe uThixo akafuni ube uqaqanjelwe yintloko, ube nemikhuhlane; akufanele ube naziswekile, zingxaki esiswini okanye uchithe ixesha elingapheliyo koogqirha. Ngokokwakhe, akukho sigulo sikufaneleyo gqibi!

Kambe bukhona ubomi ongadingi kuphiliswa nto xa unabo. UThixo akafuni kube umana unyangwa esi sigulo nesiya. Ufuna ufikelele kwinqanaba lokuba ungaguli tu, uqonde ukuba ikhona imeko ekuthiwa kukuhlala uphilile ungakhali ngasigulo kwaThixo. Usisidalwa esitsha kuKrestu. Isigulo sesakwiTestamente endala! Phila kwinyaniso yempiliso kaThixo) ukuqala namhlanje!

ISIPROFETO

Ndiphile qete, andibikwa hlaba. Ndiphil impilo entle yasebungcweleni. Ndiyaprofeta ndithi ukususela namhlanje akukho sigulo siya kundithi chatha; akukho mkhuhlane nokuba ngowaluphi udidi, bhakthiriya okanye vayirasi iya kufunyanwa kulo wam umzimba ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:11; UISaya 33:24

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KuTimoti I 1-5

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Disemba 17

UBUDE BOBOMI

KuTimoti II 1:10 (KJV)

...owakubhangisayo okunene ukufa, kodwa wabukhanyisa ubomi nokungonakali, ngazo iindaba ezilungileyo ezi.

EBhayibhileni kukho abantu abaphila iminyaka eyi-900. Kambe ngokwanda kwesono ukuhamba kwamaxesha, iminyaka yokuphila yaye yancitshiswa kakhulu (IGenesis 6:3). Isifundo sanamhlanje sisixelela ukuba iNkosi yayichaphazela le ndawo yesi sithintelo sobomi obude, isono. Ngenxa yokuzenza kwakhe idini, weza nesibonelelo esilusindiso esonweni waza wenza ukuba kubekho ubomi obungunaphakade.

Khawume ke, ufuna ukuthi akumelanga sife? Nditsho kakadoku! Thina sinako ukuphila ngaphaya kwemida yasemhlabeni. Uninzi lwethu luya kube luphila yaye luya kuya ezulwini neNkosi ngerapture lakukhala ixilongo. Ibandla likaKrestu maluhambe ngayo le nyaniso. Unobu kanye bukaThixo ubomi, obungcwele bona. luphila, Abuchatshazelwa zindidi zezifo nakufa! Unesabelo ke kobu bomi bukaThixo nawe. Ukuba uThixo akaguli, akafi, unabhizinesi ithini ke wena ekufeni!

ISIPROFETO

Ndimi ndizinile eLizwini likaThixo, eliyimpilo enyameni yam, nobomi emathanjeni am. Ngoku ndithethayo, amazwi am avuselela ukuthululwa kwamandla asenyangweni athi andingqonge kungabikho nto inakugqobhoza ngaphaya kwawo, endinika ubomi obude ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

lindumiso 91:16; KwabaseTesalonika I 4:16-17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KuTimoti I 6; KuTimoti II 1-4

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Disemba 18

ULOYISO LOLWAM

IEksodus 17:11 (KJV)

Kwathi, xa aziphakamisileyo uMoses izandla, kweyisa uSirayeli; kwathi xa azihlisileyo izandla, kweyisa uAmaleki.

Enkonzweni siye sithi, “phakamisani izandla,” mhlawumbi xa sithandaza, sidumisa okanye sibulela. Ngoba kutheni? Ngoba izandla zakho zinamadla eza noloyiso. UPawulos, ebhalela uTimoti, uthi, “Ngoko ndinga angathandaza amadoda kuzo zonke iindawo, ephakamisa izandla ezingcwele...” KuTimoti 1:28).

Khawuyiqwalasele le vesi yanamhlanje. Edabini nama-Amaleki, uAron noHure baqaphela ukuba uloyiso lwamaSirayeli luphaya ezandleni zikaMoses xa ziphakanyisiwe. Wathi akudinwa, bamhlalisa phezu kwelitye, omnye wakwelinye icala, omnye wakwelinye, bazibamba baziphakamisa izandla zakhe, de bawoyisa ama-Amaleki. Ukuphakamisa izandla liqhinga likaMoya lokuzuza uloyiso olungapheliyo. Inga ngathi yinto engenamsebenzi xa uyijongile, kodwa iyalwenza lona ukholo olu lona! Ukuba ke yayimsebenzela uMoses, iza kukusebenzela nawe wakuziphakamisa ezakho izandla ubize uloyiso namhlanje!

ISIPROFETO

Ndiyathandaza khona ngoku ndiziphakamisile izandla zam, ndithi yonke engumcelimngeni endijamelene nayo ndiyayoyisa ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaYohane 1:5-4; lindumiso 63:4

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KuTito 1-3; KuFilemon 1; KumaHebhere 1:1-2:10

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Disemba 19

IBANDLA LASEGOODNEWS WORLD

KwabaseRoma 8:14 (KJV)

Kuba bonke abakhokelwa nguMoya kaThixo, bangoonyana bakaThixo.

Isifundo sanamhlanje simalunga nokukhula ngokwasemoyeni. Sithetha ngoonyana bakaThixo abakhulileyo, abo bangenzi nto bengakhokelwa nguMoya oyiNgcwele.

Njengomntu olandela umbono wale nkonzo yethu iGoodNews World, funda ukulandela uMoya eLizwini, wenze ngeLizwi, ugqobbhoze ngalo. Musa ukwenza nasiphi isigqibo esikhulu ebomini bakho ungathethanga naye. Zinike ixesha ucele ukuba akunike isikhokelo; yiba nomonde de ulive ilizwi lakhe, ubambe amagama awathethayo emoyeni wakho, uze ungaze uyiphikise into ayithethileyo eLizwini lakhe. Ukhulile ke xa wenza njalo.

Xa uMoya oyiNgcwele eyi-GPS, imephu nekhapsi yobomi bakho, uya kuqinisekisa ukuba iindawo oya kuzo kunye neBandla, ziindawo ezigqibeleleyo. ISpirit Embassy inguwe, iNdlu yozakuzo kaMoya kaThixo. Ukuba wena ukhokelwa nguMoya, neli Bandla ke likhokelwa nguMoya kaThixo.

ISIPROFETO

Kulo lonke ilizwi endilikhupha ngomlomo wam, inyathelo endilithathayo, nezigqibo endizithathayo, ndikhokela nguMoya kaThixo. Ndiza kutshintsha ubomi bam nesebe lenkonzo endikulo ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

KaPetros I 5:2-3; KaYhane I 1:6-7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KumaHebhere 2:11-6:20

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Disemba 20

THANDAZELA IINKOKELI

KwabaseRoma 15:30 (KJV)

Ke kaloku ndiyanivuselela, bazalwana, ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu, nangalo uthando loMoya, ukuba nizame kunye nam ekundithandazeleni kuye uThixo,

Kwiileta zonke awayezibhalela amabandla uMpostile uPawulos wayeye awabongoze ukuba amthandazele, esazi ukuba imithandazo yawo iqhutywa yimpumelelo yakhe kwiministri, inyaniso esemiyo nanamhlanje. NjengoMKrestu, ubizelwe ukubathandazela abo uThixo abamise phambi phezu kwakho, ngenxa yeNkosi uYesu Krestu nangenxa yokuba uyamthanda uMoya oyiNgwele.

Ukuba uyaqhuba uyafunda, uya kubona ukuba imithandazo enjalo iwunceda kakhulu umzimba kaKrestu. UPawulos wayichaza indlela eyinzuzo ngayo loo nto kuBukumkani. Xa uthandazela iinkokeli zakho, imiphefumlo iza kuYesu, ubomi buyaguquka, ze igama likaYesu liphakanyiswe. Ukuyazi into yokuba ziyathandazelwa iinkokeli, kukhaliphisa nezona zibalaseleyo iinkokeli zamabandla. Zitsho zime ziqine imiqolo, zikhuphe izifuba, zingoyiki ukuya empini ngoba zisazi ukuba uzixhasile ngezandla zakho. Qiniseka ukwenza qho oko.

ISIPROFETO

Ndithetha ubomi obude, impiliso kaThixo, uxolo novuyo kuzo zonke iinkokeli zam! Ndithetha uvuseleleko lokwenza ngakumbi eBukumkanini ukuze ibe mininzi imiphefumlo eza kuKrestu, ngeGama likaYesu Krestu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 6:19; KwabaseKolose 4:3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KumaHebhere 7-10

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Disemba 21

ISICELO SOMTHANDAZO KATHIXO

UMateyu 9:37-38 (KJV)

Aze athi kubafundi bakhe... Khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo.

UTHixo akafane abe nesicelo somthandazo kodwa siso esi esinye sazo. Xa esenza (isicelo), utyhila umnqweono wentlziyo yakhe, ekunika ithuba lokuba usebenze naye ekuzalisekiseni injongo yakhe apha emhlabeni. Ngulo Thixo mnye owathi, “Ukuba bendilanbile bendingazi kulela wena” (Iindumiso 50:12). Kambe uthi ngoku kunjalo athathe ixesha enze esi sicelo. Loo nto mayikuxelele indlela ebaluleke ngayo.

UBawo wethu ikakhulu ufuna abasebenzi, abo bafunayo ukuya kuvuna imiphefumlo elindele ukusindiswa. Eli xesha leKrisimesi lithua elihle lokuba uphendule ke esi sicelo. Imiphefu, lo oza kuza nao kuKrestu seyilungisiwe, ilindele wena, ngoko akukho mfuneko yakuba uyithandazele. Into efunekayo ngabasebenzi. Nguwo lo ke umnqweno kaThixo, wufezekise!

ISIPROFETO

Ndiyaprofeta ndithi ndilufezekiso lomthandazo kaThixo, umsebenzi osebenzayo, oza nesivuno eichumileyo kula maxesha okugqibela. Wonke endihlangana naye engazi nto ngoThixo uza kuza kuye namhlanje, aphilele iNkosi ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 4:35

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KumaHebhere 11-13

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Disemba 22

WENZA UYESU

KwabaseKolose 1:27 (KJV)

...awathandayo uThixo ubazisa bona into obuyiyo ubutyebi bozuko lwaloo mfihlelo phakathi kwazo iintlanga, obunguKristu phakathi kwenu, ithemba lozuko.

Esinye sezona zizathu zikhulu siyibhiyozelela yona iKrisimesi kukuba uYesu walifezekisa icebo lakhe! Awayezalelwe yona wayenza! Mayizukiswe! Halleluya! Khawufane ucinge ukuba ngekunjani xa wayengakwenzanga awayefanele ukukwenza. Ubomi bethu ngebukhenkceza, bengenanto, bunganyamezeleki, bungenathemba. Kodwa weza, waphila, wafa, wabuya wavuka ekufeni ukuze mna nawe siphile

Ngaphandle kokuba behlanganisa abantu, kutyiwa, kukho umculo, konwatywe, iKrisimesi le ingoKrestu, ungubani yena yaye weza ngabuni na emhlabeni. Kwincwadi kaMateyu 1:23) kuthiwa, “Yabonani, intombi le iya kumitha izale unyana, bambize ngegama elingulmanuweli (oko kukuthi ngentetho evakalayo, uThixo unathi.” UThixo unathi; asisedwa! UMDali uphila phakathi kwezodalwa zakhe. Kowu, enjalo intsikelelo! Kule Krisimei, khumbula: Wazalwa yena, thina ke safumana isipho! Masibhiyoze sonwabele isipho esinguKrestu namhlanje!

ISIPROFETO

NdinoKrestu, ndingangaphumeleli njani! Ubuqaqawuli bake buza kukhanya empilweni yam ukuqala namhlanje, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 1:14

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanahlanje: EkaYakobi1:1-4:10

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Disemba 23

INDAWO YAMANDLA

Kwabase-Efese 1:20-21 (KJV)

...waza wamhlalisa ngasekunene kwakhe kwezasemazulwini iindawo, ngaphezu kwalo lonke ulawulo, negunya, namandla, nobukhosi, nalo lonke igama elikhankanywayo kungekhona kweli pakade lodwa, kunakweli lizayo.

Abanye bathi, “ubani-bani sisandla sam sasekunene,” babe bethetha ukuba ngoosomlomo bakhe. Kanjalo ke, iBhayibhile ithi uYesu uhleli ngasekunene kukaThixo, itsho ithetha ukuthi isihlalo solawulo sibanjwe nguye, uThixo usebenza gaye

INkosi yethu uYesu Krestu ibambe amagunya angenakulinganiswa ngaphezu kwezinto zonke; iGama lakhe lingaphezu kwayo nayiphi itayitile, iwonga nesikhundla. Eyona imnandi kunazo zonke yeyokuba unesabelo nawe kula mandla manye nawe! Yile Nkosi inguYesu Krestu sivuyela yona ngoku, hayi usana olusesitali Namhlanje, hamba usazi ukuba unegunya elipheleleyo kwimicimbi yanamhlanje.

ISIPROFETO

Ndihleli esihlalweni samandla negunya lolawulo ngenxa kaKrestu! Ubukhosi anabo, ndinabo. Ndisekeeleke ngaphaya kokuqonda ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 1:1-3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: EkaYakobi 4:11-5:20; KaPetros I 1:1-3:12



Lwesithathu, Disemba 24

NIKA UBUNQINA BOTHANDO LWAKHO

Kwabase-Efese 3:19 (KJV)

Kwanokulwazi uthando lukaKristu oluncamise ukwazi; ukuze niye nizala ngako konke ukuzala kukaThixo.

Apha ngeKrisimesi kulula ukuthi “Ndiyakuthanda” emntwini, “sisipho seKrisimesi.” Kambe abaninzi bayaphazama bacinge ukuba ukunyamezelana kuthetha uthando. KwiLevitikus 19:18, iBhayibhile ithi, “Uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako.” Eli gama lithi “ummelwane” apha libhekisa kwabo bakufuphi nawe, abahlobo, ifemeli, abazalwana basenkonzweni, hayi abamelwan ngokokuhlala qha.

INKosi uYesu yeza yabonakalisa uthando lukaThixo ngendlela eyayahlukile. Wathi, “Akukho namnye unalo uthando olungaphezu kolu, lokuba ubomi bakhe abuncamele izihlobo zakhe.” (UYohane 15:13). Wasibonisa uthando ngokukaThixo, akalushumayela nje kuthi kodwa wenza kwabonakala. Kule Krisimesi, qinisekisa ukuba uyalubonakalisa nawe kwabanye

ISIPROFETO

Uthando lukaThixo luphalaziwe entliziyweni yam; ngoko ke, ukubathanda nangakimbi abanye kuza kuba yinto elula kum. Ndiza kulubonakalisa oluthando nangakumbi kule Krisimesi ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaGalati 2:20

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KaPetros I 3:13-5:14; KaPetros II 1-2



Lwesine, Disemba 25

UMYALEZO WENGELOSI

ULuka 2:11-14 (KJV)

Ngokuba nizalelwe namhlanje emzini kaDavide uMsindisi, onguKristu iNkosi. ...kwabakho ngesiquphe, ndawonye nesithunywa eso, inktha yomkhosi wasemazulwini, iduisa uThixo isithi, Uzuko kuThixo enyangweni, uxolo emhlabeni, inkolelo ebantwini.

Awumnandi ngako lo myalezo. Umyalezo owafika watshintsha yonke into yantle kum. Haleluya! UYesu wazalelwa ukuze kuzalisekise icebo likaBawo, ukufezeka kothando lukaThixo. Waba yimvu yedini, ehlawula ityala losindiso ukuze umntu abe nobudlelane noThixo. Yiba nalo mfanekiso-ngqondweni, kaThixo owazi konke, onamandla onke, uSomandla, ethatha isigqibo sokungakubukeli uphila ubomo wedwa, endaweni yoko asuke enze icebo elikhulu lokuba ahlale nawe, apha kuwe. Apho uya khona, nakwintoni na oyenzayo, ulapho naye. . Obu bobona butyebi bukhulu bunikwe umntu. Bhuyoza ken gale mini yokuzalwa kwakhe ube usazi ukuba ukuphathele ntoni na. Krisimesi emyoli!

ISIPROFETO

Andisayi kuze ndiyilibale eyona ntsingiselo yolu suku lweKrisimesi kuyo yonke imihla yobomi bam. Ndiza kuwusasaza lo myalezo wothando nenkoliseko kaBawo kuye wonke umntu endihlangana naye. Ndiyabulela Nkosi yam enguYesu Krestu! Haleluya! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 4:7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje II 3; KaYohane I 1:1-3:12

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Disemba 26

UPHAKAMILE KUNAM

KwabaseFilipi 2:3 (KJV)

...ningeni nanye into ngokweyelenqe, nangokozuko olulambathayo; Yithini ngokuthobeka kwentliziyo omnye ambalele omnye ekuthini nguyena wongamileyo kunaye.

Ungathini ukuba ungafika emsebenzini wakho okanye kwilekhtsha yakho eyunivesithi omnye wabadlali befilimu ababalaseleyo eyisuphavayiza okanye ilekhtshara yakho? Uninzi ndiqinisekile lungenza kangangoko banako ukuba azive amkelekile, abanye bade bancame iilantshi zabo ngelimhloniphayo. Ivesi yanamhlanje ikuxelela ukuba loo nto uyenze KUMNTU WONKE!

Igama elithi “ukuxabisa” livela kwelesiGrike elithi hēgéomai, oko kuthetha ukubala okanye ukuqwalasela. Lithetha ukuba noluvo oluphakamileyo ngabanye, nto leyo eyenza ukuba ubaphathe ngendlela ethile - bedumile, bengadumanga. Khawube nomfanekiso-ngqondweni xa sonke sinokuphila ngolu hlobo, sizithobe, sibajongele phezulu, sibaxabisile abanye. Inene inkoliso yeengxaki zehlabathi zingaphela zithi nya.

Sisaqalisa ukujonga kunyaka ozayo, zimisele, uzinikele ekubabekeni, ubaxabise abanye ngaphezu kwakho, uzibeke phambili iimfuno zabo. Loo nto ayisayi kulwa kuzicingela nje apha kuwe, iya kubafundisa isifundo esikhulu nabo bakufuphi kuwe ngokubaluleka kokubancamela abanye!

ISIPROFETO

Kulo nyaka siza kungena kuwo, ndiza kuyeka ukuzicingela ndibonakalise ukubacingela abanye ngendlela endingazange ndayenza ngaphambili. Abantu baza kumbona apha kum uYesu ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaYakobi 4:6

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: KaYohane I 3:13-5:21; KaYohane II, KaYohane III; EkaYuda 1:1-16

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Disemba 27

UKHUSELEKILE KWIINGCUKA

ULuka 10:3 (KJV)

Hambani; niyabona, mna ndinithuma njengeemvana phakathi kweengcuka.

Ukuba uthunywe njengemvana (itakane) phakathi kweengcuka akungebonakali njengento efanelekileyo. Iingcuka siyazazi ukuba ziwatya ziwaqwege amatakane. Uyabona, iigusha ezi zizilwanyana apha ezisesichengeni, kodwa oko kuba sesichengeni kwazo bunjengobomalusi wazo.

INkosi yethu uYesu Krestsu, uMalusi wethu olungileyo, wanikela ngobomi bakhe ukuze zibe nobomi obungunaphakade, obuchumileyo (UYohane 10:10-11). Wabubeka phantsi ubomi bakhe ukuze kukhuseleke obakho, ekukhusela kwiingcuka eziqwengayo. Wahlawula elona likhulu lona ityala ukukhusela nokulondoloza ubomi bakho engozini.

Uphantsi kokhuselo nokhokelo lukaMalusi Olungileyo. Akakukhuphi wedwa, engasoze akushiye, ngoko musa ukoyika. Yithi uwujongile lo nyaka mtsha uzayo, wazi ukuba umqolo wakho ugqunyiwe nguMalusi Olungileyo!

ISIPROFETO

Ndisalucangcatha olu suku njengangoku, akukho ngozi luza kuthi chatha kum nefemeli yam. Ndikhokelwa nguMalusi Olungileyo, osele wandikhusela, wandilondoloza engozini. Haleluya! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UHezekile 34:11-16

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Isityhilelo 1:17-25; Isityhilelo 1-4

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Disemba 28

UBONELELO LWASEMAZULWINI

IDuteronomi 29:5 (KJV)

Ndinihambisile iminyaka engamashumi amane entlango. lingubo zenu azonakalanga bubudala, zinishiye; neembadada zakho azonakalanga ziphele ezinyaweni zakho;

Kuhambo lwabantu bakaThixo besiya kwilizwe ledinga, isimanga kukuba impahla yabo ayizange iguge nezihlangu zabo azizange ziphele. Ayisosimanga na eso! Qondisisa le ndawo yokuba yiminyaka engamashumi amane lawo, iintsuku eziyi-14 600 zonke ubonelelwa nguThixo qha!

Kwiimeko eziqhelekileyo, izihlangu ufanele ukuba uuzitshintsha qho emva kweenyanga ezisibhozo ukuya kwezilishumi elinesibini. Apha sithetha ngezihlangu zamaSirayeli ezahlala iinyanga eziyi-480 zingatshintshwa, zingapheli! Ingaba uthi iminyaka le yazo yayimile okanye isayizi yayinye kuyo ynke loo minyaka? Hayi khona. Imizimba yayikhula ngokukhula, itshintsha kodwa uThixo ngobuthixo bakhe wayeyilondolozile, bengenaxhala lantswelo. Olo yayiyindlela abonelela ngayo kwiTestamente eNdala. Ucinga ukuba ke uThixo angenza kangakani xa ngoku sele wazalwa ngokutsha? Beka amaxhala phantsi, uThixo uyabonelela maxa onke, nokuba uswele okanye unazimfuno zithini na.

ISIPROFETO

Ukubonelelwa kwasenyangweni kuyinto esisiqhelo ebomini bam, sisiprofeto sam eso! Andisayi kuswela nanye into entle nelungileyo ngo-2026! Ipentri yam ekhaya igcwele iyaphuphuma, iiwodrophu zam ziyaphuphuma, zivalwa ngedolo! Ifemeli yam isikelelekile ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 9:8

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Isityihilelo 5:1-9:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Disemba 29

IWARANTI KATHIXO

Kwabase-Efese 1:13 (NIV)

...enithe nikuye, nakuliva ilizwi lenyaniso, iindaba ezi zilungileyo zokusindiswa

kwenu—enithe, nakukholwa nokukholwa kuye, natywinwa naqiniselwa ngaye uMoya oyiNgcwele wedinga,

Xa iinkampani zisenza iintengiso, iimanyufektshara ezaziwayo ziyifaka uphawu imveliso yazo, okanye masithi ziyazibhrenda ngokubhala amagama azo iiprodakthi zazo, zinike neewaranti, ngolo hlobo zibonisa ukuqiniseka nokuzithemba kwazo ngomgangatho wemveliso leyo, zithembisa ukuyilungisa okanye ukunikela enye ukuba yonakele lingekapheli ixesha elithile.

Kwangayo le ndlela inye, nawe ufakwe uphawu waza watywinwa ngumenzi wendalo iphela, imanyufektshara yehlabathi lonke! Umsebenzi wezandla zikaThixo lo unguwo, awunasiphako yaye newaranti yakhe ayiphelelwa xesha. Nokuba utshaba lungahlasela luphuma ngaphi na lufuna ukukophula, ukukonakalisa okanye ukuhlupha ubomi bakho, alusayi kuphumelela. Ubomi bakho bugqunywe ngokupheleleyo yiwaranti kaThixo, eqinisekisa ukuba iingxaki azingeni kwawakho amasango. Xa uhamba kule nyaniso yasemoyeni yokuba ukwenze wangubani, izinto ziya kukuambela, zichume ngendlela ongazange uyicinge!

ISIPROFETO

Ndiyimveliso yobuchule bukaThixo! UThixo ongoyena mvelisi ubalaseleyo ubeke izithintelo zanaphakade kutshaba lwam ukuze kuthi nabani na othatha itshansi, ezama ukundichukumisa, angabi nakundenzakalisa, ngeGama likaYesu elinamandla! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 54:17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Isityhilelo 9:12-14:8

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Disemba 30

UNYULIWE

Abagwebi 6:15 (ESV)

Wathi yena kuye, Camagu, Nkosi yam, ndowasindisa ngantoni na amaSirayeli? Khangela, umzi wakowethu ngowona uphantsi kwaManase, nam ndinguyena mncinane endlwini kabawo.

Isifundo sanamhlanje, esingoGidiyoni, sisityhilela inyaniso kamoya ebalulekileyo kuhambo lwakho noKrestu. AmaKrestu amaninzi azibekela umda ngokulandela imigangatho ebekwe ngabanye, ngokujonga indawo asuka kuyo okanye ngokunika ingqalelo ekubeni ubonwa njani ekuhlaleni. Ayaluthandabuza ubizo lukaThixo ngoba aye amkela indlela abonwa ngayo lihlabathi. Uyabona ke, ezi ziphazamiso zize kuwe ngqo ukuba uvuke ube ngumlindi ojonge ifemeli yakho yonke.

Cinga nje ukuba ukuba uGidiyoni wayeye wahlala ebopheleleke kwindlela ababembona ngayo abantu, ngebaboyiswe kangaphi, yonke loo nto isenziwa kukuba eye wazidelela, ezibona engenaxabiso kuThixo! Njengokuba siwuvala nje unyaka, khawude uqonde ukuba ekunyulile nje uThixo wanelisekile kukuba nguwe, uza kuyophula yonke imiqobo kulo nyaka mtsha. Ukunyule wangowakhe yaye uza kukusebenzisa ngamandla kumsebenzi ongaphambilli woBukumkani!

ISIPROFETO

Iminyaka yam ayithethi nto: amasiko nezithethe zam, imvelaphi yam, isini sam okanye ukuba ndingowasiphi isiduko, zonke ezo zinto azingeni ndawo kwiintsikelelo zam kulo nyaka mtsha! NDINYULIWE! Halleluya. Amen

FUNDA UZANDISELE

UYoshuwa 1:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Isityhilelo 14:9-18:24

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Disemba 31

BHALA, QALISA

Iindumiso 45:1 (KJV)

...Ulwimi lwam lusiba lombhali okhawulezayo.

Ukuba uzama ukukhesha itshekhi engabhalwanga ebhankini, wakufika kwithela, iza kuthi ayamkelekanga. Kungokuba ke uza kukhesha ntoni ngokwenyani xa ingabhalwanga mali? Uthini ke kwakuba njalo? Ubhala imali le ifunekayo.

UTHixo ukunike itshekhi ebhlenki. Namhlanje, ngolu suku lokugqibela kulo nyaka, ukhululekile ukuba ungabhala loo nto uynqwenelayo kulo mtsha uzayo uyaka. Wathi uSolomon akuyinikwa yena itshekhi ebhlenki watshona khona wabhala into awayeyinqwenela waza kwangoko uThixo wamphendula wathi seleyifumene!

Ngawo lo mzuzu, ngolwimi lombhali okhawulezayo, bhala, gcwalisa iitsheki ezi zibhlenki namaphepha ka-2026. Sebenzisa usiba lokubhala olungumlomo wakho ubize izinto zonyaka ozayo, uplane lonke inyathelo oza kulithatha. Makha yonke into oza kuyenza uyifizekise nexesha oyifuna ngalo. Biza, biza impumelelo, iprosperithi, impilo, uvuyo nayo yonke into entle nelungileyo. Into oyibizayo yile nto uza kuba yiyo unyaka!

Yiza nazo 2026!

ISIPROFETO

Lo mtsha unyaka uza kuba ngunyaka ohamba wodwa kum. Buza kuba buhle, bube mnandi ubomi bam! Andizukukhala zinyembezi zosizi mna, yaye andizukungalali, nditsho nangosuku olu lunye. Owam unyaka sowumiselwe ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso18:21

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Isityhilelo 19-22

www.goodnewsdailydevotional.com

INGABA SELE UMAMKELE UYESU KRESTU?

SINGAKWAMKELISA UYESU
NJENGENKOSI NOMSINDISI WAKHO
NGOKWENZA LO MTHANAZO:

"YEHOVA, THIXO, NDIZA KUWE NGE GAMA
LIKAYESU KRESTU. NDIYAKHOLWA NGEN-
TLIZIYO YAM YONKE KUYESU KRESTU,
UNYANA KATHIXO OPHILAYO. NDIYAKHOL-
WA UKUBA WABA WAZA UTHIXO WAMVUSA
KWELABAFILEYO. NDIYAKHOLWA UKUBA
UYAPHILA NAMHLANJE. NDIVUMA NGOM-
LOMO WAM UKUBA UYESU KRESTU YINKOSI
YOBOMI BAM UKUSUSELA NAMHLANJE.
NGAYE NANGEGAMA LAKHE, NDINO BOMI
OBUNGUNAPHAKADE; NDIZELWE NGOKUT-
SHA. NDIYABULELA BAWO NGOKUSINDISA
UBOMI BAM! NGOKU NDINGUMNTWANA
KATHIXO. HALELUYA! "

NDIYAVUYISANA NAWO! NGOKU UNG-
UMNTWANA KATHIXO.

To receive more information on how you can grow
as a Christian, please get in touch with us on

UK: +44 3333 448 612 / USA +1 240 781 6942
RSA +27 51 004 0209

www.uebertangel.org | www.goodnewsworld.com

ISIFUNDO SOKHUSELEKO LWAKHO

UISAYA 54

NDIZINZE NGOBULUNGISA. ANDINAWO
AMAXHALA— ANDIYI KUQHIPHUKA MBILI-
NI NDIINGAYI KOYIKA BUBI! ABUYI KUSON-
DELA KUM NAKANCINCI!

UKUBA NABANI NA UYANDIHLASELA, NA-
KANYE NDICINGE UKUBA UTHUNYELWE
NGUTHIXO. NABANI NA ONGALINGA NJE
UKUNDIHLASELA, ELO LINGE SOZE LIBE NTO.

UTHIXO WADALA UMKHANDI OBASELA
UMLILO WAMALAHLE AKHANDE IZIXHOBO
ZOKUBULALA; UKWADALE NOMONAKALISI
WOKUZONAKALISA.

ZONKE IZIXHOBO EZIKHANDELWA UKULWA
NAM AZIYI KUBA NAMPUMELELO; NABANI-
NA OMELANA NAM, ENDITYHOLA, UYA
KUJIKI ABIZWE NJENGEXOKI. MNA NDIING-
UMKHONZI KAYEHOVA. NDIYAZI UKUBA
LILIFA LAM ELI NGOBA UTHIXO UNDI-
LUNGISELE KONKE.

UTSHO UYEHova KUM KWAYE
ALIYI KUWA PHANTSI ILIZWI LAKHE NGEgAMA LIKAYESU!
TRANSLATED FROM THE MESSAGE BIBLE IN ENGLISH

IGOODNEWS DAILY COMPENDIUM

ZITHENGELE
EYAKHO IKOPI
NAMHLANJE!



Ukulandela iLizwi likaThixo: ukuvula amasango obutyebi ngeGoodNews Daily Compendium. Ekulandeleni ubomi obendele nzulu kuKrestu, ukuzinikela okungagungqiyo kwiLizwi likaThixo kususiseko esibalulekileyo. IGoodNews Daily Compendium, Volyum 1 ifika ibe sisixhobo esingenakuthelekiswa nanto kolu hambo, ivangeli iyilungelelanisa ngokwamacandelo ahamba ngokwemixholo efundisa uncuthu, olutyetyisiweyo lona, noluqondeka lula.

nguMprofeti u-Uebert Angel

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

WAMKELEKILE KUMAZA ETHU OMOYA NGUMPROFETI U-UEBERT ANGEL

NGENA KWIWEBHUSAYITHI YETHU

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

    @GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL



Nyanga zonke, abahlobo bethu babambisana nathi ekuhambiseni iikopi zeGoodNews Daily zasimahla kumakhaya eenkedama, ezintolongweni, ezibhedlele, kumakhaya abadala, ezikolweni, kumaziko oorhulumente nezinye iindawo ezininzi ehlabathini.

Sinobungqina babantu abathe basindiswa, baphiliswa, abazuze ubonelelo lukaThixo kunye nobunye obuninzi ngenxa yeli phulo lehlabathi. Thatha inxaxheba, uzibandakanye kule ntshukumo izukileyo kaThixo ngokunika umntu ithuba leqalo nethemba elitsha ngengomso lakhe.


For more information visit: www.goodnewsdailydevotional.com

You can also send an email to: gnd@goodnewsworld.com


Or Call At: **USA: +1 (240) 781-6942 UK: +44 333 344 8612**

ZW: +263 773 195 955 RSA: +27 (51) 004-0209

YONKE IMIHLA



GoodNews Daily. Phulaphula iGood News kuSpotify, uyenze iqabane lakho kwindlela yakho, ukhule ngokwasemoyeni nakwizibhalo ezingcwele phantsi kwesityhilelo neemfundiso zikaMprofeti u-Uebert Angel.



YONKE IMIHLA



Youtube

Sikuphathela ubungqina bokwenyani, obuphilayo, ngemimangaliso eyenzekayo iphenjelelwa yiGood News Daily ehlabathini ngetshaneli yethu kaYouTube. Njengodaba lwezibhalo oluhamba phambili luvuselela imihla ngemihla, ichukumise ubomi babaninzi, ingumsasazi womyalezo wethemba, uthando nokholo. Ngeemfundiso ezinzulu zikaMprofeti u-Uebert Angel, iGoodNews Daily isisixhobo esixwaye amandla eza nenguqu emntwini, kwiintsapho nasebantwaneni ukuze baphile ubomi obunenjongo nobuzalisekileyo

nguMprofeti u-Uebert Angel



SUBSCRIBE NOW

@GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM



YIBA NGUMXHASI WOLWIMI OLUTHILE

Sijoyine kule hambo ngokuxhasa nokuzinikela ekuhambiseni iGoodNews Daily ukuze sigqobhozele ezintliziweni zezigidi ngezigidi ehlabathini jikelele. Sikunye, singawusasaza lo myalezo weendaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo kwisixeko ngasinye, isitrato ngasinye nakwikhaya ngalinye, ngeelwimi ezahlukeneyo zehlabathi. Nyanga zonke, abahlobo bethu abazinikeleyo bahambisa iikopi zeGoodNews Daily kumakhaya

eenkedama, ezitrongweni, ezibhedlele, kumakhaya abadala, ezikolweni, kumaziko oorhulumente nakwezinye iindawo ezininzi esingenako nokuzibala ehlabathini jikelele. Sinobungqina babantu abathe basindiswa, baphiliswa, abazuze ubonelelo lukaThixo kunye nobunye obuninzi ngenxa yeli phulo lehlabathi. Zibandakanye ubambisane nathi kule ntshukumo izukileyo kaThixo ngokunika umntu ithuba leqalo nethemba elitsha ngengomso lakhe.

nguMprofeti u-Uebert Angel

@GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

SPONSOR AT: WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

IFUMANEKA NGEELWIMI EZININZI



UMBONO OCHAPHAZELA IHLABATHI UFUNA IMALI ELINGENE IHLABATHI

BAMBISANA NATHI NGEGOODNEWS DAILY

Ngokubambisana kwakho nathi kunye nenkxaso yakho yezimali, siyakwazi ukuhambisa umyalezo wosuku weGoodNews Daily kwikona nganye yehlabathi, sixele iindaba ezilungileyo zeNkosi yethu uYesu Krestu ngokokufundiswa kwazo ngoBekekileyo uMprofeti u-Uebert Angel. Ngongcedo lwakho siyakwazi ukuguqulela iilwimi, ukuprinta nokuhambisa umyalezo weGoodNews Daily ngokukhupha abathunywa, ngePhulo iGoodNews On-The-Go Campaign nePhulo leAdopt a Nation/Language, ukuze ivangeli ifikelele kude. Bambisana nathi, ube ngumthathi-nxaxheba kulo mbono mkhulu wehlabathi, uzimanye nathi ekuhambiseni esi sigidimi sikaThixo kwiintlanga zehlabathi liphela ngaso esi sithunywa seeNdaba ezilungileyo, i-Good News Daily.

**nguMprofeti
u-Uebert Angel**
@GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

PARTNER AT: WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM



For further information on how to
grow as a Christian, please get in
touch with us at:

UK: +44 3333 448 612
USA +1 240 781 6942
RSA +27 51 004 0209
ZWE +263 773 195 955

gnd@goodnewsworld.com
goodnewsdailydevotional.com

SCAN FOR YOUR
FREE DOWNLOAD

